


UBUKRISTU BUCHASENE

NONQULO ZITHIXO

 Le yeyakho. Le encinane into yekaMama. Nika oko ku...?...Kwaye uzilungise kwaye ngoko oku kuncinane...?...

Enkosi, Mzalwana uNeville, iNkosi ikusikelele.

Molweni kusasanje, zihlobo. Yinyhweba ukubuyela kumnquba kwakhona ngale ntsasa, ndiziva ndihlaziyekile kwaye ndilungile. Usuku ngaphambi kwayizolo bendinakwazi nkqu nokuthetha. Ndinale ntsholongwane incinane ijikelezayo, uyazi, ingena emiphinjeni yabo ibenze batshe amazwi, kodwa iNkosi iyeyandinceba kwaye yandihlangula ukuphuma kuloo meko ke ndingathetha nani ngale ntsasa.

² Kwaye siyavuya ukuba kukho umnquba omhle ozeleyo kwaye abantu bemi ngenyawo. Ndingwenela nje ukuba besinezihlalo ezithile, kwaye sinike aba bantu bamileyo. Besingavuya ukuba nazo, kodwa ndicinga ukuba yonke into ithatyathiwe. Ndiyazi ukuba beningethandi ukuza kwaye nihlale naba bantwana phezu kwesiguqo nijike umqolo wenu ngale enye indlela.

³ Ngoku, kube zintsuku ezimbalwa ezo bendifunda ngembali ngazo, kwaye ndiyendacinga mhlawumbi ngale ntsasa endaweni yokushumayela ndingafundisa nje okwethutyana ngeLizwi likaThixo. Kwaye ngoku mhlawumbi siza kuba semva kwexesha kancinane, ke ndiyaku...abanye benu bangatshintshana nabo bemileyo, okanye enye into, ngokuqinisekileyo kuya kuba kuhle ukuba beninoku—ukuba beninokuyenza kwaye nibanike ukuphumla okuncinane.

⁴ Kwaye ngoku abaninzi bezihlobo, babahlobo bam bayeza, abanye babo besuka kude, kude le ezantsi eGeorgia, phezulu e-Ohio, eTennessee, nje kwiindawo ezahlukeneyo, Illinois, Missouri, Michigan, behla besiza bevela eChicago, ukusuka nje ukuya kwinkonzo enye encinane yomnquba enjengale. Indenza ndibe nombulelo kakhulu ngabantu abanjalo. Kwaye kungeyiyo loo nto kuphela, kodwa ndingathanda ukuthetha oku, hayi ngomdla we...kodwa ngomdla weLizwi likaThixo: phantse wonke umntu waba bantu akezi kuphela kodwa bazisa izishumi zabo kunye nabo ukuze bazibeke ebandleni ukuze bancede.

⁵ Ngoku, ezo zizihlobo nje ezinyanisekileyo. Awunako nje ukubalibala abantu abanjalo.

⁶ Kwaye ngoko ngamanye amaxesha mhlawumbi kufuneka ndithethe into ebakrazula babe ziziqwenga, kodwa uyabona ukuba ithetha ntoni na ngoko. Entliziyweni yakho awufuni ukuyenza lonto, kodwa nangoko kukho Into leyo ethi, “Wena . . . kufuneka yenziwe,” yabona, ke umelwe kukuyenza lonto.

⁷ Kwaye ukubabona bevela kuzo zonke indawo kwaye—kwaye bezama ukukhonza iNkosi, kwaye bekhohwa kulungiselelo elo iNkosi indinike lona kwaye bendithemba ukuba ndingumkhonzi Wakhe ukuba andiyikubaxelela nantoni na engalunganga, ngoko ngokufa kokunyaniseka Ndimelwe gene ne kukwenza konke oko ndikwaziyo uku—ukwalusa imiphefumlo yabo abo bantu; ndisazi ukuba abezi apha nje ukuze babonwe, beqhuba benqumla iintaba ezinomkhenkce neenduli, kwaye ukuhla kwiindlela ezixineneyo, kwaye abantwana babo beswele ukutya nokulala, kwaye netyesi yabo ibekwe ngasemva emotweni. Kwaye, uyazi, oko kunzima.

⁸ Kodwa iBhayibhile yathi ngabantu bohlobo olunjalo, ngaphaya kwiNcwadi yamaHebhere, isahluko se-11, “Nkqu nehlabathi alibafanelanga abantu abanjalo.” Ndi—nditsho oko ngokuba ndithetha kona entliziyweni yam.

⁹ Kwaye abaninzi balapha eNew Albany naseLouisville, kwaye nxazonke kufutshane, ezantsi eKentucky, kwaye neendawo ezahlukeneyo ezingekho kude kangako, kodwa nangoko banyanisekile ukuza, beqhuba emkhenkceni, ikhephu, nantoni na eyenye, ukuza apha.

¹⁰ Ngoku, ngeCawe elandelayo bubusuku bangaphambi kweKrisimesi. Kwaye bendicinga ukuba bendi . . . bendi nomyalezo weKrisimesi ngenxa yebandla, kodwa ndi—ndiyendaba nokuziva okunjalo ngenxa yaba bafo bancinane, ndimelwe kukuthi ukuba bona . . . ukuba bendingalapha, ngoko abafu abancinane bebeya kuthi mhlawumbi, abaninzi babo bakude, bebeyakuphosa iKrisimesi yabo kunye nezinto. Ke bekuya kuthanda ukuba nzima kwabo bafo bancinane. Kodwa ngaphambi kokuba ndihambe . . . Ngoku, thina . . .

¹¹ Ndiyazi ukuba thina bantu apha asifundisi bantwana bethu intsoni enjengoSanta Claus. Asikholwa ekuxeleleni nabani na ubuxoki, ngoko awusayi kuxela ubuxoki kubantwana bakho. Izinto ezilolo hlobo, yintsomi leyo ekuphakameni kwayo, yento enjalo enjengokuthabatha indawo kaKristu ngeKrisimesi.

¹² Kwaye iKrisimesi ilahlekelwe . . . iKrisimesi ayiselulo unqulo; ngumbhiyozo, ukusela, ukungcakaza, ukuziyolisa, nje ubuhedeni ngokupheleleyo. Kwaye akuyiyo . . . Kwaye bendifuna uku . . . Mhlawumbi emva kweKrisimesi ndiza kuthetha kwakhona nge*Krisimesi*, uyabona, ukuze ingababandezi abancinane . . . Kodwa awunako ukuthetha oko kubantwana abancinane ngolo hlobo. Babona abafu abancinane ngobusuku beKrisimesi befumana izipho zeKrisimesi nezinto ezinjalo,

abayiqondi loo nto. Yabona? Bona nje...bancinane kakhulu. Kwaye kufuneka sibakhumbule, ukuba bona ba...ukuba banezinto ngokufanayo. Simelwe kukuzithoba ukuze sibakhumbule abo bafo bancinane, ukuze bona ngokwabo...

¹³ Ingaba ndikakhulu—ndikhwaza kakhulu kuyo, mzalwana, isandi sikhulu kuyo? Niyandiva kakuhle emva phaya, emva phaya? Huh? Yima, ndime kufutshane kakhulu. Ngowuphi umboko ovuliweyo, yomibini, lo kunye nalo? Ndi—ndicinga ukuba ngulowa uphaya olungile. Lowa—lowa...Ngoku, unjani lowa, lowa ungcono? Ngoku kulungile, kuhle.

¹⁴ Ngoku, aba bafo bancinane kufuneka baqonde. Uyazi, banga—bangabafo abancinane, kwaye kufuneka sikhumbule ukuba sakha saba ngaba bafo bancinane nathi ngaxesha lithile, ngokunjalo.

¹⁵ Kwaye ndiyakhumbula xana sasingabantwana abancinane, babephuma baye kugawula ityholo lomsedare elidala ndaweni ithile, kwaye umama wayedla ngokubeka umbona aze awujikelezise nxazonke kulo. Yiyo malunga yonke into eyayikho emthini. Kodwa ezo zincinane, iikawusi ezindala ezidlakadlaka zazixhonywa phaya phezulu kanye nje...Kwaye, owu, kwaye mhlawumbi ubeya kufumana i...mhlawumbi ingxowana enye yelekese, kunye nezo lekese zincinane ezilukhuni, (kwaye amabini okanye amathathu kum, kwaye ababini okanye amathathu kuHumpy, kwaye amabini okanye amathathu kulo), nje amaqhekezana amancinane elekese, kwaye besiyakugcina oko kubude bemini yonke, simunca kuloo nto, uyazi. Kwaye sizisonge kwiphepha lesiqwenga elincinane kwaye sizifake ezipokothweni zethu. Kwaye ukuba sifumene umpu oyithoyi omdala, okanye—okanye iphondo elincinane ukuvuthela, yayiyinto enkulu leyo, yayisichulumancisa.

¹⁶ Namhlanje, kakade, yohlukile. Abantu abahluphekileyo banemadlana encinane kwaye banayo ukuze bathengele abantwana babo izinto ezininzi, banxiba ngcono, batya ngcono, baphila ngcono. Kwaye yonke—yonke indlela ngokungqongileyo, ndiyaqikelela ukuba bangcono, kwaye phantsi kwemeko yomvuzo yanamhlanje. Kwaye ngoko, abantwana abancinane, kufuneka nibavumele babe nento ethile.

¹⁷ Kodwa hlala uqinisekile ngale into, baxeleleni ukuba akukho nto injengoSanta Claus, kuba ayilunganga. Ngenye yezi ntsuku baya kuhamba kwaye bathi, “Kuthekani malunga noYesu, ngoko?” Yabona? Yabona? Ke baxeleleni iNyaniso, nyanisekani kuye wonke umntu. Yibani Yinyaniso. Kwaye, ngakumbi, ubungenakuxelela abantwana bakho into engalunganga, kuba bayakuphakama kwaye bathi... Bayakholwa kuwe njengomKristu, kwaye bafuna wena ukuba...Bakholwa ukuba oko nibaxelela kona yiNyaniso.

Ke qinisekani ukuba nibaxelela iNyaniso, ngoko iyakuphuma ilungile.

¹⁸ Ngoku, kwaye ngoko ndifuna ubuncikane ndibe nobusuku obongeziweyo obunye ukuba ndinako, okanye usuku, emnqubeni, ngaphambi kokuba ndihambe kwiminyaka yam ezayo yenkonzo, unyaka wenkonzo, gxebe.

¹⁹ Kwaye ukuba kuyakuba yintando kaThixo, ndifuna ukuzama ukufumana iimihlangano emininzi phesheya kwezilwandle kulo nyaka, kuba ndiyasiva isidingo soko. Ngokukodwa eSwitz- . . . eSweden naseNorway, kunye nezininzi zeScandinavian—amazwe aseScandinavia, kwaye ukuhla ukuyotsho e-Asia. Ndiziva ukuba ngokunyanzeleka simelwe kukuthandaza phezu kwezi zinto, ukuba kumelwe sifunde indlela yoMoya oyiNgcwele kunye nendlela aya kusikhokela ngaYo, nezinto ezo esiyakumelwa kukuzenza.

²⁰ Ekufundeni kwimbali yokuqala yebandla, ekaBroadbent, kunye nekaHazeltine, kunye nokuphawula kwabo okuninzi kuyo, i*Nicene Fathers* . . . Kwaye izolo ndiye nje ndagqiba ngobomi obupheleleyo bukaMartin oNgcwele elathi ibandla lamaKatolika alavuma ukuba ungongcwele; uThixo wakwenza oko. Ke bona . . . bobomi bakhe obukhulu, kwaye nendlela leyo ekwathi kwaloo miqondiso nezimanga ezinye zalandela laa ndoda kanye ukuhla kubomi bayo; indlela awavusa ngayo abantu ababini abafuleyo, wakhupha iimimoya engcolileyo, wathetha ngalwimi zimbi, kwaye wabona imibono nezinto, kwaye wayeyindoda enkulu kangakanani. Kodwa, nangoko, ekweyona mfihlelo yamandla akhe wayesekuzithobeni phambi koThixo. Kwaye sifumana namhlanje ukuba ibandla, nangoko lisafundisa amandla alo kwaye lifundisa imiqondiso ukulandela ikholwa, ukanti sibafumana bekhukhumele, “mkhulu mna, mncinane wena,” kwaye oko, aku—akufani neBandla lokuqala, uyabona. Babethobekile, benobubele omnye komnye, bemnandi, beqondana. Kwaye yahluke kakhulu namhlanje. Kwaye ndiyazibuza ukuba uninzi lwale nto khangela lusiphambukise kwi—kwintliziyo yokwenyani yo—yoMyalezo, ukuba, sifuna ukuzithoba ngokwethu. Zigcine . . . Okukhona usiya uthobeka ngakumbi, kokukhona uThixo aya kukusebenzisa ngcono.

²¹ Ukufunda kufundo ngentsomi kunye nazo zonke ezi ntsomi, iKrisimesi ngokwayo yintsomi. Asiyi hayi . . . Akukho nto iyinene malunga neKrisimesi. IKrisimesi ayikhange nkqu ikhankanywe naseBhayibhileni, abazange bawunqule umhla wokuzalwa kukaKristu. Yayingekho into enjalo. Leyo yimfundiso yamaRoma Katolika kwaye akuyiyo imfundiso yobuKristu, akukho Sibhalo sayo naphi na eBhayibhileni nakwikhulu lokuqala leminyaka emva kweBhayibhile, yabona, akukho nto ngayo. Yintsomi nje. USanta Claus, urhwebo, yonke into, yonke into iphela igqitywe ekubeni yingxubakaxaka enkulu.

²² Ukuba ubuyela umva kwaye ufunde ukuqala kwayo kwaye ukhangele ezantsi ngoku, uyakubona apho besikhona. Akukho nto iseleyo, akukho nto inokunceda kuphela ukuBuya kweNkosi. Kuphelele apho. Akukho nto ngoku enokusinceda siphume kwesi sidubedube kuphela ukuBuya kweNkosi.

²³ Ingaba olu lolwa qhoshha luncinane luvavanya ezateyiphu? Mhlawumbi kungcono ndiyivavanye iyonke le nto, ndingayithumeli nje phandle, ngokuba irhabaxana kakhulu. Kodwa nditsho oku kanje...Ingaba iteyiphu sezenziwe ngoku? Musani ukuzithengisa ezi teyiphu, yabona, ezi teyiphu ayizozakuthengiswa. Zisenokugqithiswa kwibandla, okanye njalo njalo, kodwa...kuba iya...iyakudala ukudideka, ngokuqinisekileyo njengehlabathi. Yabona? Ke yibambe nje side siyilungise ngokwahlukileyo.

²⁴ Ngoku, phambi kokuba sisondele kumyalezo, kwaye wonke umntu azame ukucinga kwaye aphumle kangangoko anako. Andiyi kuthabatha xesha lide, kodwa ndifuna ukuthabatha ixesha lam ukuze...ndiyibethelele yehle, ukuze niyibone ngokwenene. Ngoku, masiqale...Ngoku, ukuba yonke into iphumile endleleni, ndiyakholwa, ukuzakufika ngoku ikhona...

²⁵ [UMzalwana uNeville uthi kukho izihlalo ezikhoyo—Mhl.] Ewe, vumelani loo manenekazi emi ecaleni phaya makangene eze phakathi apha. Kukho indawo yenu phezulu apha yenu bodade. Ehe. Nantsi enye kanye apha ngaphambili. Nasi isihlalo kanye ngasemva apha. Kukho abantwana apha phezulu esiguqweni, ukuba umntu othile ufuna ukuphakama kunye nomntwana omncinane, kwaye banike isihlalo sabo kumntu othile, omdala omileyo. Ngokub, kukho indawo esi—esiguqweni kanye apha yabantwana, ukuze abantu abadala babenokufumana isihlalo. Loo manenekazi emi ngasemva emvakwentsika phaya. Ukuba ni...Kusemva kude apha ekoneni, kodwa iyi...ibetha imi phaya phezulu. Ukuba ungathanda ukuma...

²⁶ Nazi ezinye eqongeni. Ngoku, abanye benu bazalwana abangathanda ukuza phezulu apha, aba bantwana bane... Nanku omnye ehleli apha ecaleni kukaMzalwana uWay. Yizani phezulu ngoku, nifumane izihlalo zenu kanye apha, ke wonke umntu...nibe sekhaya kanye, uzive use...zenze ngokwakho uzive usekhaya kanye. Nantsi indawo kanye apha, Mzalwana uShelby, phezulu apha kanye apha eqongeni, ukuba unqwenela ukuza phezulu apha kwaye uhlale phantsi ecaleni kwethu, kanye phezulu apha. Kwaye uMzalwana u-Evans noMzalwana uCharlie, kunye nawe, nasi—nasi isihlalo apha, kwaye nesinye kanye apha, kunye nezimbini—mbini kanye apha. Yiza kanye unyuke, umzalwana phaya osuka...yiza nje kanye unyuke, uzenze ngokwakho ukhululeke ukuze si...yenzani wonke umntu nje abenokuzola kangangoko singanako ukwenzela i—

ukwenzela inkonzo, ukuze ungadinwa kwaye udinwe kwaye umile.

²⁷ Abanye benu bazalwana emva...udade emva phaya eholweni phaya, emi phaya emva ezantsi eholweni. Ungu... kusekho indawo. Nantsi enye, sisitulo sepiyano umntu othile angasisebenzisa, ukuba bangathanda ukuza kwaye bahlale kuso. Kuya kulunga konke. Ndibona inenekazi emva phaya lishukumisa isihlalo esingenamntu ecaleni kwalo, ke ngoko oko kulungile. Nje zenze uzive ukhululekile nje kangangoko unganako ngoku.

²⁸ Kwaye ngoku ngelithuba sisazilungiselela indawo, makhe...Kumalunga nemizuzu engamashumi amabini, imizuzu engamashumi amabini anesithathu emva kwentsimbi yeshumi, ngolu suku lweshumi elinesixhenxe kuDisemba. Kuyanetha phandle, apha eJeffersonville ngale ntsasa. Kwaye—kwaye sibabi ngaphandle; kodwa siziva kamnandi ngaphakathi, kuyamangalisa, sisazi ukuba sisondela, uKuza kweNkosi kukufuphi, kwaye kusondela inguNaphakade. Kwaye sinombulelo kakhulu kuThixo ukuba sibenako ngale ntsasa ukuma kwaye sabele ikholwa, kunye nongakholwayo, iLizwi likaThixo ophilileyo. Ngethemba lokuba iya kuba yimini enkulu kuthi sonke ukuba siqonde izinto zeNkosi.

²⁹ Ngoku masithobiseni iintloko zethu okomzuzwana nje ukwenzela umthandazo. Kwaye ngeli thuba iintloko zethu zithotywe, ukuba kukho nabani na ongathanda ukukhunjulwa, phakamisela nje izandla zakho kuThixo, khumbula isicelo sakho entliziyweni yakho. Enkosi.

³⁰ Bawo wethu oseZulwini, njengokuba ngoku sisemnqubeni, sonke sihleli, kwaye imiboko yokuthetha ivuliwe, kwaye izishicileli ziyahamba, namaKristu ethandaza, izicelo zenziwe zaziwa. Kwaye kangangeeveki ezimbini okanye ezintathu bendihlala rhoqo ndifunda ngalo myalezo wanamhlanje. Nje amazwi ambalwa lawo mhlawumbi uMoya oyiNgcwele anokuwasebenzisa ukuqhubela umxholo ezintliziyweni zabantu, ukuba babe nokubona ixesha esiphila kulo, baze balungiselele ukuhlangana neNkosi uThixo. Sizakuthandazela bonke abethu abagulayo nabaxhwalekileyo kuyo yonke indawo.

³¹ Owu Yesu, khumbula iBandla Lakho, iBandla lehlabathi jikelele, kwihlabathi jikelele ngale ntsasa, abanye baphandle emahlathini, abanye ezantsi kwintlambo yesigqibo, abanye babo baphezu kwencopho yentaba. Kwaye kulo lonke ihlabathi abantwana Bakho baxhomekeke kuWe kwaye babiza kuWe. Kwaye njengokuba uYohane wakudala, ukusuka kwiSiqithi sasePatmos, wathi, “Ngokunjalo, yiza, Nkosi Yesu.”

³² Kwaye siyaqaphela ukuba asikho ngaphandle kobukho botshaba, uhlala lukufuphi ukuthintela nokumisa, nokwenza nantoni na leyo elinokuyenza. Kodwa, Owu Nkosi, nika

abantwana Bakho ukhoho ngale ntsasa, amandla okuphakama ngaphezu kotshaba, ukuvula iintliziyo zabo kwaye wenze umphefumlo wabo ube yintsimi yomhlaba ochumayo apho iLizwi loBomi linokuhlwayelwa khona, kwaye livelise uvuyo olukhulu nesivuno esibanzi.

³³ Ndiyathandaza, Nkosi, ukuba Uyakusikelela iLizwi Lakho nabakhonzi Bakho. Nika uncedo kwilizwi lam elibuthathaka ukuze ndibenako ukubambelela ngokomeleleyo ngentambiso yoMoya oyiNgcwele. Kwaye ngoko kumga wokuthandazela, nika amandla nokholo, Nkosi, ukuba kungabikho mntu ubuthathaka phakathi kwethu ekuphumeni kwethu kwesi sakhivo. Siphe oko, Nkosi.

³⁴ Siyazi ukuba siphila kwixesha lesiphelo. Kwaye siyaKucela ukuba usisikelele ngoku njengokuba siqhubeka silindele kuWe kwaye sifunde iLizwi Lakho. NgeGama likaYesu siyathandaza. Amen.

³⁵ Ngoku ndizakufunda iindawo ezimbini okanye ezintathu eSibhalweni, kwaye njengoko bendibhengezile kwiCawe egqithileyo ukuba namhlanje bendiyakuzama ukuthetha ngoko: *UbuKristu Buchasene Nonqulo Zithixo*. Kwaye lowo ngumxholo wethu wangale ntsasa. Kwaye, ngoku, andingomfundi wezakwalizwi, andingomfundi weBhayibhile nangayiphi na indlela, umntu nje ongafundanga othanda iNkosi uYesu ngentliziyo yam yonke. Andibangi ukuba ndingumfundi wezakwalizwi okanye ndizame ukuthabatha indawo yomnye, kodwa ndizama nje ngokuthobeka kwentliziyo yam ukucacisa ezo zinto ezo ndiziva ukuba uMoya oyiNgcwele uzityhilile kum, kwaye kumelwe ndinike ibandla lam. Kuba kusemdleni wam ukuba eli bandla likhule, ukuba eli bandla lilungile ngokwasemoyeni. Kusemdleni wam kuba eli bandla lingumdlakaThixo, kwaye umdla Wakhe ngumdlaka wam. Ke ndimelwe ndikubone oku.

³⁶ Ndifunda kubabhali mbali bakuqala, ngo-Irenaeus kunye nabo, indlela abaligcina ngayo ibandla labo lingadyobhekanga kwizinto zehlabathi, indlela abo befundisi bakudala benyuka ngayo apho baze bahlala ngenene naloo Vangeli. IBhayibhile yayingabhalwanga ngoko ikwimo njengokuba sinaYo ngoku, kude kube luHlaziyo, kwaye uLuther waYibeka kushicilelo. Kodwa babe—babenento ababeyibiza ngokuba *YiVangeli noMpostile. IVangeli noMpostile*, kwaye bahlala naloo nto.

³⁷ Ngoku, kwiindawo zethu ezimbini esizimisele ukuzifunda ngale ntsasa, enye yazo ifumaneka kwiNcwadi kaYeremiya, isahluko se-7, nokuqala ngomqolo we-10 ukuya kumqolo-18. Enye indawo ifumaneka kwiZenzo 7:49. Kwaye ukuba ufuna ukuphawula isicatshulwa soku, okanye isicatshulwa ukususela kule, uYeremiya 7, iyakuba ngumqolo we-18. Ndifuna ukuqalisa ukufunda kumqolo we-10.

Kwaye yizani nize nime phambi kwam kule ndlu, ibizwa ngegama lam, nize nithi, Sihlangulwe ukuwenza wonke la masikizi?

Ingaba le ndlu, ibizwa ngegama lam, iba ngumqolomba wezihange na emehlweni enu? Yabonani, nkqu mna Ndiyibonile, utsho uYEHOVA.

Kodwa yiyani goku endaweni yam eyayise Shilo, apho ndalibekayo khona igama lam ekuqaleni, kwaye nibone loo nto Ndayenzayo kuyo ngenxa yobungendawo babantu bam amaSirayeli.

Kwaye ngoku, ngokuba niyenzile yonke le misebenzi, utsho uYEHOVA, ukuba Ndathetha kuni, ndivuka kwakusasa kwaye ndithethe, kodwa anivanga noko; . . . Ndanibiza, kodwa anasabela noko;

Ngoko ke Ndiya kukwenza oku kule ndlu, ibizwa ngegama lam, leyo nikholosa ngayo, nakule ndawo ndaninika yona nina kunye nooyihlo, njengoko ndenzayo eShilo.

. . . Ndiya kunigxotha nisuke emehlweni am, . . . Ngeendabagxotha bonke abazalwana benu, Ndibagxotha bonke abazalwana benu, nkqu nembewu yonke ka-Efrayim.

Ngoko ke musa ukuhlawula wena ngenxa yaba bantu, musa ukuthandaza . . . ngenxa yaba bantu, ungabaphakamiseli phezulu kwaye ungalili ngomthandazo ngenxa yabo, ungenzi isingxengxezo ukusa kum: ngokuba Andiyi kukuphulaphula.

Akukuboni wena na abakwenzayo esixekweni sakwa Yuda nasezitalatweni zase Yerusalem?

³⁸ Ngoku ndifuna ukunqumama ngaphambi kokuba ndifunde umqolo wokugqibela woku. Mandiqale kwakhona ngoku. UThixo ekhalmela aba bantu, kwaye esithi, “Ungakhe nkqu ubathandazele.” Mandiqale ngomqolo we-16 ndifunde ukuyokutsho kowe-18 ngoku. Phulaphulani ngenyameko.

Ngoko ke musa wena ukuthandaza ngenxa yaba bantu, ungaphakamisi sijwili namithandazo ngenxa yabo, ungasenzi isingxengxezo kum: ngokuba andisayi kukuphulaphula.

Akukuboni wena na . . . Akukuboni wena na abakwenzayo esixekweni sakwa Yuda nasezitalatweni zase Yerusalem?

Abantwana baqokelela iinkuni, . . . ooyise bakhwezela imililo, kwaye abafazi baxova intlama yabo, ukwenzela kukumkanikazi wezulu amaqebengwana, nokuthululela kothixo bambi iiminikelo ethululwayo, ukuze ni ndiqumbise.

³⁹ Ngoku, ndinqwenela ukutyhila ngoku kwiNcwadi yeZenzo, isahluko se-7, kwaye siqale ngomqolo wama-44, sifunde ukuhla ukuya kowama-50.

Obawo bethu babenomnquba wesingqino entlango, njengoko wayemisele ngako, ethetha kuMoses, ukuba awenze ngokomfuziselo lowo ebewubonile.

kanjalo lowo oobawo bethu bangenayo bawuzisa ngaphakathi noYesu kude kuse ekuthinjweni kweentlanga, ezo uThixo wazigxothayo ebusweni bethu boobawo bethu, kwada kwayimihla kaDavide;

Lowo wafumana ubabalo kuThixo, kwaye wanqwenela ukufumana umnquba ngenxa yoThixo kaYakobi.

Kodwa uSolomon wamakhela indlu.

Noko Osenyangweni yena akahlali ezitempileni ezenziwe ngezandla; njengokuba esitsho umpofeti,

Izulu liyitrone yam, kwaye ihlabathi sisihlalo seenyawo zam: yenjani indlu na eniya kuyakhela mna? itsho iNkosi: okanye yiyiphi na indawo yokuphumla kwam?

⁴⁰ Ngoku, unganako ukubona ngokufundwa kweSibhalo, ukuba, apho ndibeka khona ingcinga yam ngale ntsasa, phezu “konqulo zithixo,” kuqala, ukuqala nje. Kuncinane okubhaliweyo malunga *nonqulo zithixo*. Akukho ncwadi zininzi zokuchaza unqulo zithixo, yintoni na unqulo zithixo, kwaye ukanti ihlabathi lizele lulo. Ndinga ukuba isizathu sako kukuba, kungenxa yokuba aluzange lucaciswe ngokwenene ebantwini, bengazi ukuba luyakuba yintoni na. Kwaye kube yinyhweba yam, kwaye inyhweba yam enkulu ebomini bam, ekuhambeni, ukubona unqulo zithixo oluthile, nokwazi ukuba luyintoni.

⁴¹ Kwaye ngoko ekufundeni unqulo zithixo, kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo, iintsomi, iintsomi zamaGrike kunye neentsomi zamaRoma, ngoko indibuyisela emva ukubona ukuba babebulala. . . nangoko bagcine kwaloo nto inye iphila, ukubona ukuba unqulo zithixo lusemi njengokuba lwalunjalo ekuqalekeni. Namhlanje eluhambeni, ndibona unqulo zithixo; kwaye ngoko nokubona indlela olwaqala ngayo, ukufunda ukuba lwaqala njani emva e. . . kwimihla yokuqala; ndiyabona ukuba alukaguquki.

⁴² Ngoku, bendise Indiya, i-Indiya izele lunqulo zithixo. Banabahamba emlilweni phaya kunye nezahlukeneyo. . . ndicinga, ngenye imva kwemini xana ndafikayo eBombay, ndonwatyiswa ngaloo njikalanga nge. . . ndi. . . umntu othile wandixelela, andazange ndazi ukuba ubani waye ngubani, babekwitempile nje yama-Jains. Kwaye mhlawumbi yayilishumi

elinesixhenxe okanye isixhenxe, iinkolo ezahlukeneyo, kwaye ndiqinisekile ukuba yayilishumi elinesixhenxe leenkolo ezahlukeneyo ezahlangana nam phaya kumcelimngeni weLizwi, kwaye elowo ngamnye kubo ngokuqinileyo benxamnye noKristu. Iinkolo ezilishumi elinesixhenxe ezahlukeneyo! Kwaye babe...Basinyanzela ukuba sikhulule izihlangu zethu etempileni, kwaye sangena, kwaye basihlalisa phantsi emiqamelweni. Kwaye kuya kuthabatha ixesha elithile ukungena kuyo yonke irigamarole (njengoko ndiyibiza) kwafuneka sihambe ngayo. Kodwa usodolophu wesixeko wasisa phaya, naye ngokwakhe wayengumHindu, ongumMohammed.

⁴³ Kwaye uMohammed wayengumprofeti, kwaye waphuma kumnombo ka-Ishmayeli owayekwangunyana ka-Abraham.

⁴⁴ Kwaye yayikulo mgca apho lo mvangeli udumileyo ehlabathini namhlanje, lowo, wabaleka komnye wamadoda abo awamcela umngeni ukuya kumanqam weLizwi. Kwaye, ngokoluvo lwam, umvangeli wayefanele kukuthi, “Andinazo iziphiwo zokuphilisa, kodwa umzimba wethu wamakholwa unazo. Nindinike iiyure nje ezimbalwa, kwaye ndiya kuzisa umntu othile apha.” Yabona? Kodwa, kakade, ngokwenza oko, ngoko umvangeli ngewayezivezile kwimibutho eyayimxhasa, kwaye ngoko wayeya kukhutshelwa ngaphandle.

⁴⁵ Kwaye kwingcinga yesibini yayo, Andikholwa ukuba bendinokumvumela lowa ungakholwayo ukuba oyise phezu kweLizwi likaThixo. Ukuba ndandoyisiwe, nangoko ndandiyakuma phaya kwaye ndibonise ukholo lwam nokukholwa kwam kuThixo ukuba Yena uhlala enguyenjalo. Njengoko abantwana bamaHebhere bathi, “Unako uThixo wethu ukusihlangula kweli ziko lomlilo, kodwa ke nokuba kunjalo asiyi kuqubuda kwizithixo zakho.” Ehe, ndiyakholwa ukuba ibiyakuba yinto ekhaliphileyo. Kwaye ngoko kwakhona mna. . .

⁴⁶ Njengogqirha wezakwalizwi kwaye efakwe kakuhle eSibhalweni, njengomvangeli omkhulu anguye, nendoda eligorha elilo, ndiyakholwa ukuba ngendamcela umngeni phezu kweLizwi, nokuba uYesu wayenguKristu na okanye hayi, okanye nokuba uMohammed wayengumprofeti na, kwaye wamngqina ngeyiyeyakhe iBhayibhile. Ukuba oko bekuya kuba lubizo lwam (eBhayibhileni) njengokuba enjalo umvangeli, ukuyicacisa, ngendaye ndathabatha elo nyathelo endaweni yokuba ndisuke nje ndibaleke ukusuka kuyo kwaye ndihlehle. Oko kwabonisa...Oko akubonisi oba bugorha bobuKristu bokwenene obo buyakuma phaya, phila okanye ufe. UThixo unako ukuhlangula. Ndiyakholwa ngendabiza isandla sakhe phezu kwaloo nto.

⁴⁷ Kodwa balibala ukucinga ngeBombay xana indoda eyimfama phaya, amaMohammed, ngobo busuku obo yamkela

ukubona kwayo emhlanganweni. Babengena kukukhankanya oko.

⁴⁸ Kodwa, nangona kunjalo, kwaba bantu, abangobahanahanisi. Bangabantu abanyanisekileyo, abanyanisekileyo njengawe nam, kwaye maxa wambi nangaphezu kokuba sinjalo apha eMelika. Abangobahanahanisi. Bayayikholwa ngokwenene loo nto kwaye bayenze ngako konke oko kukubo.

⁴⁹ Makhe ndikunike into encinane ngonqulo zithixo. Ndiyalilibala igama lothixo onguthixo wabahambi- mlilweni, kodwa ngumfanekiso oqingqiweyo omkhulu onezinkulu, omkhulu...into ebufana nobuso bomntu, uhlobo lobuso obufana nelovane, nezinkulu, iindlebe ezinkulu zokuva zonke izono zabo na njalo njalo. Kwaye ezinkulu, iirubhi ezinkulu njengamacici kwezabo...ezindlebeni zakhe apha, oko, mhlawumbi kungaxabisa isiqingatha sesigidi iqhekeza, mhlawumbi; loo nto inokuthi iquikelelwe kakhulu, isenokuquikelelwa ngokungaphantsi. Kodwa, owu, angako ukuxabisa amatye anqabileyo kwesi sithixo!

⁵⁰ Kwaye umbingeleli wetempile uzisa umlimi olihlwempu, akufuneki ukuba abe...nje oqhelekileyo, akufuneki ube ngumntu othile okhethekileyo. Uyindoda nje eqhelekileyo, umlimi lowo ofuna ukunika umbulelo kuthixo wakhe ngesivuno esihle. Kwaye, ngokwenza oko, ubonisa ukhohlo lwakhe kuthixo njengoko esiza etempileni kwaye asikelelwe ngumpristi wakhe.

⁵¹ Kwaye ngoko uku...ulungiselela ukuphumela ngequla lamalahle elizimitha ezininzi ubunzulu kunye neenyawo ezininzi ububanzi, kwaye akhwezelwe ngezivutheli moya de babe mhlophe shushu. Ngoku, oko akukuzenzisa, yinyaniso. Uhamba phambi kwesithixo, avume izono zakhe kulo mpristi, kwaye bagalela amanzi phezu kwakhe; amanzi angcwele, na njalo njalo, lawo umpristi awasikeleleyo.

⁵² Kwaye ngoko, amaxesha amaninzi, bathabatha igwegwe elikhulu, igwegwe lentlanzi, inkulu, enkulu, mhlawumbi isiqingatha se-intshi ukuya kwiikota ezintathu ukunqumla u-ububanzi, ukunqula ukusuka ku-kubutsolo bayo ukuya ngasemva kwezinto zegwegwe. Kwaye babeka ibhola encinane yamanzi kuloo nto, enjengomhombiso omncinane womthi weKrisimesi, kunye nebhola encinane, kwaye izaliswe ngokuzeleyo ngamanzi ukuyenza ibe nzima. Kwaye bathabatha, ngokoqobo, amawaka wazo kwaye bazifake enyameni yabo, bezitsalela ngaphandle. Njengoko zingena phakathi, enyameni yabo, bazitsale, ukuba badlule kwintuthumbo ukuze bakholise uthixo wabo, isithixo. Asingobahanahanisi.

⁵³ Ngoko, amaxesha amaninzi, balukhuphela ngaphandle ulwimi lwabo kwaye babe nomkhonto onefolokhwe phezu kwalo, zityhutyhe ulwimi lwabo zinyuke ngeempumlo zabo

kwaye bazibambe kunye, bathabathe imithungo yemisonto kwaye bathunge imilomo yabo kunye ukuba bona...abo bathetha izinto ezingalunganga. Nentuthumbo engako!

⁵⁴ Kwaye ngoko bahlale phantsi ecaleni kweli qula likhulu lomlilo. Baxhele ibhokhwe, ukuxolisa isithixo, ukunikela ubomi ngenxa yezono zabo. Kwaye ufanele ukuva u—ukuduma xana loo bhokhwe ibulewe. Bavuma izono zabo kuyo kwaye bayibulale ibhokhwe, balahle i... bathabathe igazi njengesicamagushelo.

⁵⁵ Kwaye ngoko ukuba lo mhambi-mlilweni, ukuba uyoyika aze abaleke emlilweni, uzisa ihlazo phezu kwakhe. Kodwa kumelwe ahambe ecotha kwaye eqinile kula malahle omlilo. Kwaye ngamanye amaxesha maninzi ngokokude afikelele kwishumi elinesihlanu leenyawo ubunzulu, la malahle omlilo. Kwaye mhlawumbi ishumi elinesihlanu mhlawumbi ishumi elinesihlanu leenyawo ubunzulu kwaye mhlawumbi amashumi amathathu eemitha okanye amashumi amane eemitha ubude, kwaye malunga, owu, mhlawumbi isibhozo okanye ishumi leenyawo ububanzi. Kwaye wona amhlophe shushu. Kwaye akananto ngaphandle kweqhiya, eyiqhiya encinane engathi ngumbhinqo ebhijelwe emibindini wakhe. Kwaye aphumele phaya ne, ejinga nayo yonke le nto, kwaye esopha, namagwegwe entlanzi nayo yonke into enzimbini wakhe wonke, uzenza abenomdla kude kuphume amagwebu amhlophe emlonyeni wakhe.

⁵⁶ Kwaye nanko esiza, ehamba kuloo mlilo, kwaye aphumele kwelinye icala, engonzakalanga konke konke, emlilweni, kwaye mhlawumbi iinyawo zakhe ziye zehla *kobo* bunzulu (imilenze) ezantsi emlilweni, iinyawo ezimbini okanye ngcono njengoko ehamba, etsala loo malahle abomvu ashushu enyameni yobuntu yakhe, ehamba kuloo mlilo kwaye aphumele kwelinye icala engenzakalanga. Ubunokukhangela iinyawo zakhe, akukho mkrwelo okanye umrhawuko.

⁵⁷ Kwaye ekukhangeleni okunjalo, nasekucingeni, ukuba umbingelelo kwisithixo sobuhedeni, ngegazi lebhokhwe, ngokukholwa kwinto enjalo kuyabakhusela abahedeni ukuphuma emlilweni, lingenza ntoni iGazi likaYesu Kristu kwikholwa kuThixo ophilileyo?

⁵⁸ Ngoku, unqulo zithixo yinto engaqhelekanga. Ukuhla kwizigaba besinalo, ukusukela oko i...qikelela, ekuqalekeni kwexesha. Ngoku, umyalelo wolu nqulo-zithixo yindoda leyo imise isithixo, ilungisa isithixo, ngoko ingene ngaphakathi kwaye izilungiselele olu nqulo lukhulu. Ngoku, ikholwa ukuba esi sithixo senziwe ngokomfanekiso wothixo othile lowo ingazange zange...ingazange yambona. Akanasimo, ke ikholwa ukuba ukumfanekiso wesi sithixo eso isenzayo kulo thixo.

⁵⁹ Ngoku, ungakuvumeli oko kukushiye! U “umfanekiso” ukumfanekiso wothixo wentsoni ekholwa ukuba unjalo.

⁶⁰ Ngoko iya phambi kwesi sithixo kwaye ilale ngesisu, kwaye ikholwa ukuba uthixo obubuqu obungabonwayo uyeza ehlele phakathi kwesi sithixo, kwaye iyakholwa ukuba ithetha kuthixo ngesi sithixo, laa thixo uzingenisa kwesi sithixo kwaye abuye ayiphendule. Kwaye abaninzi benu befundisi apha abo bathabathe intsomi... Kwankqu nezo zithixo, babenamadabi omnye komnye, babebanga, nayo yonke into, ngaloo mihla.

⁶¹ Ngoku, ngamanye amazwi, uthixo uyalalisa ngokwakhe ukusuka ekumeni kwakhe okungaphezu kwendalo, ukungena kwesi sithixo, kwaye abuye athethe kwakhona kumnquli ngesi sithixo. Kwaye umnquli, kuhlobo oluthile lwengqondo eyakhiwe ngokweemvakalelo, uyakholwa ukuba isithixo sithetha kuye, entliziyweni yakhe, kwaye uxolelwe izono zakhe kunye nokunye okukokunye, ngesi sithixo, nto leyo ebonisa ngokucacileyo ukuba ngumtyholi. Ngumtyholi lowo uyenzayo loo nto.

⁶² Kwaye abenzi zinto nje ngamabona ndenzile; abanye babo bayakwenza, kodwa kukho abanquli bokwenene abanyanisekileyo bazo ezozinto. Umzekelo, bendinokunixelesa amabali indlela ezo demoni zikwezo zithixo zizenza ngayo zonke iintlobo zezinto, ukwenza igazi liphume kwizinto, nayo yonke enye into. Nga—ngama—ngamademoni!

⁶³ Kwaye ukuba awukholwa kwi...kukhona umtyholi ngenene, awukholwa ukuba kukho uThixo. Ngokuqinisekileyo, kuya kufuneka ukholwe ngokuchaseneyo, okuhle nokubi. Ngoko kukho umtyholi wokwenene, kwaye ngumntu. Kungeyiyo *ingcinga*, *usisiqu*.

⁶⁴ Ngoku, kukho imfundiso eqhubekayo leyo ithi, “Umtyholi yinto nje i—ingcinga embi oyifumanayo.” Hayi, hayi, akunjalo. Umtyholi ngumntu.

⁶⁵ Kwabona abobantu banye bayakukholwa oko “UMoya oyiNgcwele uyinto nje i—ingcinga entle oyifumanayo.” Kodwa musa ukuyikholwa loo nto. UMoya oyiNgcwele nguMntu, NguMntu kaKristu kwimo yoMoya.

⁶⁶ Ngoku, aba banquli zithixo...Kwaye nizenze iZibhalo zenu zalungela okanye iindawo zeZibhalo zenu. Ndi—ndingabhekisa kwezinye zazo kwimizuzwana embalwa, iZibhalo, sisenokufunda ezinye. Ngoku, aba banquli zithixo, babelala ngesisu phambi kwesithixo, bekhola ukuba uthixo lowo bamnqulayo umelwe kwesi sithixo. Ngoku, nikufumene oko, ukuba umnquli akangomhanahanisi? Yena eneneni ufumana into ebambekayo leyo ikweso sithixo, ngokuba ibuyela phezu kwakhe, wenza into; uyifumana kweso sithixo, esinguthixo oyitsomini, ingenguye Lowo wokwenene.

⁶⁷ Kwaye ngamaxesha amaninzi umtyholi uyangena kwezo zinto. Kwaye umtyholi ugena emihlanganweni ngaxesha lithile kwaye alinganise uThixo. Ndikubonile oku kulungiselelo lwam.

68 Ngoku, khumbula, oku nje yi...siyafundisa kusanaje. Kwaye ndifuna eli bandla, xana ndisiya kubulungiseleli apha ndiphumela phandle ukaya emasimini, ndifuna nina nihlale nomalusi wenu kwaye nihlale neMfundiso efundisiweyo apha. Hlalani neli Lizwi, ningaLishiyi! Hlalani kanye neLizwi kungakhathaliseki nokuba yintoni na ezayo okanye ehambayo, hlalani nelaa Lizwi! Yabona? Ngoku, kwaye nje ngenxa yokuba ndiyahamba...ndingomnye nje wabelusi apha. UMzalwana uNeville ufundisa kwaloo nto inye ndiyenzayo, ke yiza nje kanye enkonzweni kwaye uphulaphule kwiLizwi.

69 Andazi ukuba Uya kundikhokelela phi na. Ndixelele unkosikazi wam ngale ntsasa etafileni, "Kukho into apha kum ibikhwaza yonke le minyaka, ndiza kufumanisa ukuba iyintoni na." Ngoku, andazi ukuba yeyiphi indlela eyakundikhokelela Kuyo, apho Iyakuya khona, kodwa apho Andikhokelela khona ndiyakulandela.

70 Ngoku, unqulo zithixo, lusekho unanamhla. Sifumana... Ndifumana abantu besiza esiguqweni, kunye neentetho zobumfama zabefundisi abazimfama, abo baya kuthi, "Vula nje, ulibale yonke into, yenza ingqondo yakho ingabi nanto. Uya kuba ngu—ngu-Eliya. Uya kuba *koku, okuya*, okanye *enye*." Obunjani bona ubuxoki! Awuzi kuThixo...Oko kukuvulela umphefumlo wakho kuzo zonke iintlobo zemimoya yedemoni zingene. Ungayenzi loo nto. Kumele ukhumbule ukuba kukho umtyholi, kwaye ulinganisa uKristu ngokugqibeleleyo, phantse.

71 Ndandifunda *kuBomi bukaMartin oNgcwele* kwixesha elidlulileyo, ukuba apho inkwenkwe, eneneni yayingulowo uzinikeleyo kunqulo, kwaye wathi uThixo umbizile ukuba abe ngomnye wakubaprofeti bakudala, "Niphulaphule kum, ndingomnye wakubaprofeti bakudala." Kwaye isikolo... uMartin, kakade, wayengayi kuphulaphula kinto enjengaleyo. Ke abazange bayikholwe ngenxa yokuba ubomi benkwenkwe abuzange bufane nayo. Ekugqibeleni wathi, "ndiya kungqina kuni ukuba ndibizelwe ukuba ngumprofeti wakudala. Nje umfo omncinane," wathi, "kodwa ndibiziwe."

72 Yabona, "Izipho nobizo azinabuyambo." Yabona, bayaphuma eLizwini, kwaye xana uthe waphuma eLizwini ungena kuyo nantoni na.

73 Kwaye le nkwenkwe yathi, "Ngokuhlwa nje, malunga nasezinzulwini zobusuku, uThixo uya kundinika ingubo emhlophe, ukuze ndihlale phakathi kwenu nonke ngayo, ukubonisa ukuba ndingumprofeti wakudala." Ke bona, ngobo busuku bonke baphulaphula, kwaye basebeza bangena, nabantu benamahambo. Kwaye inkwenkwe yamkela ingubo emhlophe. Xana undwendwe luhambile, baya kwaye bayikhangela ingubo, yayiyeyenene, yokwenene, ingubo emhlophe, ikhangeleka intle kakhulu.

⁷⁴ Kodwa, ubhishophu omdala, wayengayifumani nje loo nto. Yayingabonakali ilungile, ngokuba, yayingekho nje ngokweZibhalo (ingubo emhlophe).

⁷⁵ Kwaye xana wenzayo, bathi, “Thabatha le ngubo kwaye uhambe uye kuma phambi kukaMartin oNgcwele, laa ndoda yakwaThixo.” Kwaye ubengayi kukwenza. Ubengayi kuma phambi kwaloo mprofeti woqobo. Wayengena kuma; kwaye bamnyanzela ukuba akwenze oko. Kwaye xana baqalisayo ukumthabatha, ingubo yanyamalala yayandaweni ithile, babengazi apho iyekhona. Yabona, xana isiziswa kumanqam!

⁷⁶ Ukuba unegolide yokwenyani akufuneki ube nexhala malunga nokuba ilungile na okanye ayinjalo, iyakulumela uvavanyo naphi na. Kwaye uMoya wenene kaThixo uyakuma eluvavanyweni ngokuba uvavanyiwe ngeLizwi likaThixo. “Phezu kolu lwalwa Ndiya kulakha iBandla laM.”

⁷⁷ Ndibone abantu bengen kubundlobongela, abantu abalungileyo. (Ngoku usenokubona ukuba kutheni ndingafuni le—le teyiphu ithengiswe.) Ndibone abantu abalungileyo, kunye nabantu bamaPentekoste, abelusi ababengaqondi, abantu baye bangene kubundlongondlongo bawelwe kumaphupha, nayo yonke into elolo hlobo, kwaye—kwaye benze izinto, kwaye ekugqibeleni babaqhubele kwiziko lempambano. Yayikukuvula iintliziyi zabo, abantu abamsulwa, kwaye kwangena amademoni athabatha indawo. Ukhona umtyholi wokwenene!

⁷⁸ Bendifunda apho omnye weza ku...ndiyakholwa ukuba yayingu-Irenaeus okanye uMartin, omnye, (abanye babafundi beBhayibhile abo bayaziyo ngcono le nto kunam), inesithsaba segolide entloko yaso, inxibe ingubo emhlophe, nezihlangu ezithiwe wambu ngegolide, kwaye yathi, “NdinguKristu, Ndivume!” Lowa ongcwele wayengenakuyenza loo nto. Laa mprofeti wenene kaThixo wema phaya, walinda. Kwaye batsho kabini okanye kathathu kuye, “NdinguKristu, Ndivume!”

Wathi, “Owethu uKristu akezi ngolo hlobo.”

⁷⁹ Kulungile oko, kufuneka ulazi iLizwi! Hlala eLizwini! Yabona, idabi elikhulu likufuphi. Ngoku, sidlale icawe iminyaka ngeminyaka, kodwa iyure ifikile ngoku lokuba xana uYambres noYanes beyakuchasa uMoses njengoko iBhayibhile yathi bayakwenjenjalo. Kwaye kuya kuba lidabi lokomoya, uqgqzulwano. Kuya kubakho abanye abaya liqhubela phambili nje, ibandla lobuhlelo liyakuthi nje liqhubele phambili nje liye kulawulo kwaye liqhube ngendlela elihamba ngayo. Kodwa ndithetha ukuba ikholwa lenene lokwenyani liyeza kwelo thafa ledabi, kwaye kungcono ube nolwazi kwaye uyazi into oyenzayo, okanye unokuthabatha umoya omdaka ngokulula kwaye ungazi. Ukuba ichasene neli Lizwi, musani ukuyikholwa! Hlalani nelaa Lizwi!

⁸⁰ Unqulo zithixo, unqulo zithixo ludala, ludala apha e-United States. Kwaye kwiminyaka eyadlulayo, amaNdiya asePueblo, naphandle e-Arizona, babenonqulo-zithixo. Kwaye, oko yayi, babe—babenothixo wemvula. Kwaye uthixo wemvula wayeyi. . . thabatha u—ufudo lodaka, kwaye besenza umfanekiso wofudo lodaka. Kwaye balubeke amachaphaza phezu kwalo ngokungathi luphuma eludakeni. Kwaye babeyakuziphosa phambi kolu fudo lodaka, bekhohwa ukuba kukho uthixo wemvula uhlile wangena kwelo fudo lodaka kwaye wathetha nabo ngolu fudo lodaka. Ngokuba babekholelwa ukuba lu. . . luphila eludakeni nasekufumeni, kwaye lwalunguthixo kuyo. Babene. . . yintsomi, nje i—ikhohwa lokuzenzisa ukuba yinyani.

⁸¹ Ngoku, kwaye banqula iidemoni ngokwenza njalo. Benqula ufudo lodaka, becinga ukuba lalinguthixo wemvula, bazisa umoya phezu kwabo, ngokuqinisekileyo, kuba bazivula iintliziyi zabo kulo. Kodwa yayingumoya ongalunganga!

⁸² Ke abantu abaninzi namhlanje bavula iintliziyi zabo kwinto engalunganga! Ufumana umoya kakuhle, kodwa amaxesha amaninzi uyachasana neLizwi, usithi, “Iintsuku zemimangaliso zidlule! Ayikho into efana *nale* okanye *leya*.” Khumbulani, lowo ngumtyholi phantsi kokuzifihla kokuKristu. Thixo sincede xana sifika ezantsi koku emva kwethutyana, ukuba niyibone loo nto, yabona, lowo ngumoya ongendawo ofihlakeleyo kokuKristu. Kodwa ayingoMoya kaKristu, ngokuba uMoya kaKristu uza eLizwini lonke ixesha. Akanakulikhanyela iLizwi ElileLakhe.

⁸³ Ngoku, xana ubuKristu bafikayo eRoma, iRoma, kanye kweso sixeko saseRoma, yayinamakhulu amane eetempile zabahedeni ngaphakathi kodonga oluziimayile ezisixhenxe. Amakhulu amane eetempile zabahedeni, kwaye yayizezezithixo noothixokazi. *Oothixo noothixokazi*, “abafazi kunye namadoda.” Oothixo, amakhulu amane abehlukeneyo. Yicinge loo nto, amakhulu amane!

⁸⁴ Ngoku, yiloo nto uPawulos wayifumanayo xana efika eRoma. Yiloo nto u-Akwila noPrisila ababenayo xana bathunywayo ukusuka kwiPentekoste kwaye bazimasa ibandla eRoma; yiloo nto bafikela kuyo, unqulo lobuhedeni lwezithixo. Kwakukho malunga nezigidi ezibini zabantu eRoma, kwisixeko-doluphu iRome; oko kukuthi, amakhoboka, kunye needolophu ezingaphandle, na njalo njalo, malunga nezigidi ezibini zabantu. Kodwa iindonga ezingqonge iRoma yayizimayile ezisixhenxe. Kwaye ngaphakathi kwezo mayile zisixhenxe, kanye ezinyaweni zentaba, yayingamakhulu amane eetempile zobuhedeni, koothixo noothixokazi babahedeni.

⁸⁵ Ngoku, ndingathanda ukuthetha apha umzuzwana nje ngento endiyithathe kwiimbali, kwaye ndinenye kanye apha kunye nam. Indlela abangene ngayo elunqulweni, beza njani elunqulweni? Uze njani umhedeni kunqulo? Into yokuqala

awayenzayo kukuya etempileni kwaye afumane umpristi, umpristi ongumhedeni. Ngoko wayeyakumnika umnikelo wemali engaka, kuze imva koko idini, isilwanyana, ukuxolisa uthixo lowo wayeza kuthetha kuye.

⁸⁶ Kwaye kwamanye amaxesha, kwitempile enye, beyakubakho ngaphezu kolunye uhlobo olwahlukileyo lothixo. Beyakubakho “oothixo, oothixokazi,” nayo yonke enye into, etempileni enye.

⁸⁷ Ke umpristi wobuhedeni . . . Ubeya kuya kuye amnike imali ethile, kwaye umpristi womhedeni wayembuyisela ikhandlela, nje lesiqhelo lamafutha ikhandlela. Kwaye ke umnquli athabathe eli khandlela, emva kokuba ehlawule umpristi, athabathe eli khandlela aye ngaphaya kweso sibingelelo sithile salo thixo awayefuna ukuthetha naye. Kwaye kwesi sibingelelo kwakukho umlilo, apho idini laliza kutshiswa khona. Emazantsi alo mfanekiso oqingqiweyo, itempile enkulu yobhedu, okanye—okanye isithixo, kwaye wayethabatha le temp- . . . le khandlela kwaye alilumeke ukusuka emlilweni wesibingelelo, umlilo wesibingelelo sesithixo, wayelumeka ikhandlela kwaye aye ehlele kwinyawo ze—zesibingelelo esiphambi kwe—kwesithixo, kwaye abeke phantsi eli khandlela. Kwaye emva kokuba ebeke ikhandlela phantsi . . .

⁸⁸ Ndinga ukuba kunjalo uthixo othile phakathi kwabo bonke abanye oothixo wayeyakwazi nje ukuba ngowuphi na umfanekiso oqingqiweyo ebefanele ukungena kuwo, uyazi, aze abuye umva athethe kuye. Kutheni ikhandlela, andazi. Kodwa wayebeka ikhandlela phantsi, alilumeke kwiimililo yesibingelelo.

⁸⁹ Kwaye ngoko ubeya kubuyele emva emgangathweni womnquba, kwaye phaya aqubude phezu komgangatho. Kwaye phaya ubeyakuwubeka wonke umphefumlo wakhe, onke amandla akhe kulomthandazo wakhe, kwaye athandaze kulo thixo mkhulu wohlobo oluthile, ukholo lokuzenzisa, uthixo oyintsomini, athandaze kulo thixo ukuba ehle kulo mfanekiso kwaye athethe kuye.

⁹⁰ Kwatshiwo ukuba “Omnye wabalawuli wayenokuqubuda kangako phambi komfanekiso ka-Apolo ukuba eneneni wayenokuthi weva amazwi aphuma etemp- . . . ukusuka kwi—ukusuka kwisithixo, abuye athethe naye.” Eziqubudisa!

⁹¹ Unokuthi kwelinqanaba, “Mzalwana uBranham, ingaba waliva izwi?” Andithandabuzi kodwa lonto wayenzayo, kodwa yayilizwi likamtyholi. Yayingekho into enjengo Jupiter, isithixo, nazo zonke ezinye izithixo ababenazo.

⁹² Kodwa balala ngesisu, kwaye balala phaya kwaye banqula, banqula esi sithixo siyimfihlakalo eso babengazi kwanto malunga nase, ngelithuba umoya wakhe wawukwisithixo eso babecinga ukuba sikhangeleka kunjalo. Benza umfanekiso kuso, kwaye lowo ufumene inceba kuye.

⁹³ Ngoko babesenza umnikelo. Ngoko xana wayezivuthisile wazokufika kwezi mvakalelo, uphinda enyuke kwakhona phambi kwesithixo kwaye ngesi sihlandlo umpristi wobuhedeni wayesele ehlile wamzisela okuthile—okuthile ukutya kunye nesiselo, kwaye akubeke ezinyaweni zesithixo. Kwaye ngoko. . . (Ngoku, ndi. . . ndinayo ibhaliwe apha kweli phepha, ndiyayifunda kanye ngoku. Yabona?) Kwaye wayesehla aye ezinyaweni zesi sithixo, kwaye athabathe kulo mnikelo wesiselo kwaye arhabule kuwo, kwaye akhe intwana encinane ekutyeni, kwaye ayigalele ezinyaweni zesithixo.

⁹⁴ Wayesenza ntoni? Enobudlelwane needemoni; edlelana needemoni, oothixo noothixokazi. Nje u—uhlobo lokomfuziselo lomKristu odlelana noKristu, esidla umthendeleko. Oluya yayiluhlobo olwathi ibandla lokuqala okanye abahambi bokuqala beVangeli (abo bezayo eRoma) lwafunyanwa, lukwaba bantu kolu hlobo lonqulo.

⁹⁵ UBhahali wayengoyena thixo uqatshelweyo waso sonke isigaba, wezithixo, yayinguBhahali (uB, u-a ophindiweyo l), wayenguthixo welanga. Kwaye ngoko wayeno no—nomfazi, uthixo wenyanga, uthixokazi, u-Ishtar, I-s-h-t-a-r, u-Ishtar. Kwaye kwakhona ibizwa ngokuba, ngu-A-s-t-a-r-t-e, “Astarte.” Ikwinqekembe yamaRoma. Wayebizwa ngokuba sisithixokazi, uthixokazi wenyanga, okanye “ukumkanikazi wezulu, umama woothixo,” uthixo wenyanga. Kwaye uthixo welanga wayenguBhahali.

⁹⁶ Ke, phantse bonke abahedeni banqule elaa langa. Nkqu namaNdiya ayesenza into efanayo xana—xana sifikayo, safumana iMelika apha, xana iMelika yasekwayo. Yiza, oobawo beza apha, bafumana ukuba ayesalinqula i—ilanga. Ngokuba, koku, babenqula.

⁹⁷ Yiloo ndlela ababenqula ngayo oothixo noothixokazi eRoma, xana amaKristu afika eRoma.

⁹⁸ Ngoku, kuhambo lwam, ndiye ndaqaphela ukuba unqulo zithixo alukatshintshi. Kwaye nobuKristu bokwenyani abukaguquki. Womabini abambe iindawo yawo, kwaye ayakwenjenjalo kude kuse ekuBuyeni kweNkosi uYesu. Koku ndingathanda ukuthetha nje kancinane kakhulu, ukuze ufumane umbono wayo, kwaye ukuba ungowomoya ngokuqinisekileyo uyakuyinqakula.

⁹⁹ Ngokuba laa Bhahali wayenguthixo welanga, ke, amaqebengwana ayesezisenziwa. . . Kwaye uYeremiya wathi apha, sithethile kwimizuzwana embalwa edlulileyo, abafazi bamenzela amaqebengwana uBhahali, uthixo welanga. Kuba, ufumanisa ukuba ethubeni kamva, ukuba ukwehla kwisahluko, ukuba uyayifunda, ukuba bathi, “Ukuba asimnquli uBhahali isivuno sethu siyasilela, ngokuba uBhahali wayenguthixo

wokuchumisa.” Ngamanye amazwi, “Siyazi ukuba ilanga lenza isivuno sikhule.”

¹⁰⁰ Kodwa umprofeti wabaxelela, “Kungenxa yokuba nimshiyile uThixo, sesosizathu isivuno senu singakhuli.”

¹⁰¹ Kodwa banqula uBhahali, besithi baya kunqula, benze iminikelo kuye.

¹⁰² Ngoku, ukuba uBhahali nguthixo ongqukuva... (Ngoku, bamba oku, ilizwi ngelizwi, kwaye uyakukufumana konke okunye, isiphelo salo Myalezo.) ...uthixo wayenguthixo ongqukuva, uthixo welanga, babenamawecwe amakhulu kakhulu obhedu lawo ayeza kubonakalalisa ilanga kwaye abonakale njengomlilo. Kwaye ngoko isonka eso uYeremiya wathi apha ukuba bona... abafazi babebhakela uBhahali la maqebengwana, leyo yayenziwe yangqukuva njengelanga. Ke, ngoko, zazibekwa phezu kwesibingelelo, isibingelelo sobuhedeni, ukwenzela umthendeleko, kwaye senziwe ngqukuva njengelanga okanye njengenyanga, ngenxa yokuba yayinguthixo welanga okanye uthixo wenyanga.

¹⁰³ U... ooBhahali yayinguye, lowo sathi, “Unguthixo wakho konke ukuchuma, wenza yonke into ikhule.”

¹⁰⁴ Ngoku, iBandla lokuqala leza lijongene noku ekungeneni kwabo eRoma. Kwaye kuthiwa kwaye kwakholwa ngebandla lobuRoma, okanye ngebandla namhlanje, okanye ibandla lamaRoma Katolika, elo libizwa ngokuba “YiKatolika...”

¹⁰⁵ Sonke singama *katolika*. SiliBandla lobukatolika, sibubupostile bobukatolika. *Ikatolika* ithetha “ujikelele.” Kwaye silibandla kwihlabathi jikelele loKholo lwabapostile. Ewe, mhlekazi. Kukho umahluko phakathi kwala mabandla mabini; elinye lawo yayibubukatolika, jikelele, *ubupostile*; elinye yayiyiRoma Katolika.

¹⁰⁶ Kwaye kwathiwa uPetros... okanye bayakukholwa oko, ukuba uPetros waseka ibandla laseRoma. Ndifuna iSibhalo, ndifuna indawo onokuthi ngayo uPetros wakhe waseRoma phantsi kwayo nayiphi na imeko. Njengoko ibandla laseRoma lisitsho, “Wayephaya ukususela kuma-41 ukuya kuma-46.”

¹⁰⁷ Kwaye, kwangelo xesha linye, uKlawudiyo wayengumlawuli eRoma, lowo wenza amaYuda onke emke. Funda iZenzo, isahluko se-18, kwaye uyakufumanisa ukuba uPawulos, xana wenyukayo waya e-Efese, wafumana u-Akwila noPrisila, ababengama Yuda okunene, kwaye babekhutshelwe ngaphandle ngexesha lentshutshiso, kwaye babelapha ePalestina kwakhona ngenxa yokuba uKlawudiyo wayeyalele ukuba onke amaYuda emke, kokubini kumaKristu nabomthetho. U-Akwila noPrisila bazimasa ibandla eRoma, kwaye kwafuneka bahambe ngenxa yokuvuka kukaKlawudiyo, wayelithabathe lonke ibandla... okanye amaKristu nawo onke amaYuda ukuphuma eRoma.

108 Ngoku, “UPetros ekubeni engubhishophu webandla,” kwaye ndingakubonisa iSibhalo, ukuhla ukuya kutsho ubuncinane kumashumi asixhenxe eminyaka, ukuba uPetros akazange aphumele ngaphandle kwePalestina. Kanye eSibhalweni! Kwaye nithi “UPetros wabulawa eRoma, kwaye uPawulos wanqunyulwa intloko yakhe eRoma.” Yimfundiso leyo. Ndibufunde bonke ubufelinkolo endinokubufumana, kwaye akukho namnye kubo ochaza nantoni na ngoPetros okanye uPawulos (nokuba ngomnye) owabulawa eRoma. Kweyona mfundiso yangaphambili yokwenyani yabafelinkolo esinokuyifunda, akukho nanye kuzo ethetha nto ngayo. Wayegazange! Yimfundiso.

109 Ndilapha ukubonisa ubuhedeni, ke si—siyakuyenza loo nto ngoncedo lweNkosi neLizwi laYo, yabona, nje ndinibonise ukuba ibandla linjani na. Niyakhwaza malunga “NobuKatolika!” kodwa lindani nje imizuzu embalwa.

110 Ngoku, ngoku, sifumanisa ukuba emva kuka-Akwila noPrisila (ngokweSibhalo) bakhutshwayo eRoma, ibandla elincinane lashiyeke linjengenkedama, bonke ababephaya yayingabaguqulwa abangabahedeni abo babeze kwibandla lamaRoma lobuKristu, ibandla lokuqala awathi u-Akwila noPrisila nesinye isibini esaseka eli bandla kwaye baza balondla.

111 Ngoko sifumanisa ukuba, nje ukuba bemkile, ukuba bazenzela ababo oobhishophu kwaye bathabatha eyabo imfundiso, kwaye ngoko bamkela... ukufumana inceba kumlawuli, uConstantine kunye nabo beza kamva, ukufumana inceba, ngokuba kwafuneka bafumane amalungu phakathi phaya ukuze eme kwezopolitiko zesizwe. Bawangenisa amalungu ebandla, kwaye bawangenisa baqhubela phambili (“igqibelele”) ukuvuma nje, bengazi ngakumbi ngoThixo njengoko abanye baba bantu sinabo eMelika namhlanje besenza; kanye njengomsebenzi, eyaba yinto enkulu kubo ngokuvuma uKristu, ongomnye uThixo ngaphandle kothixo wabo. Kwaye khona phaya bathabatha, kumgaqosiseko wabo webandla, imisitho yobuhedeni.

112 Ngoku, umpristi womRoma, ngoko bakwamkela oku ngokuthabatha nokwenza umthendeleko, into yokuqala eyavelayo yaba kukwenza umthendeleko, endaweni yepasile eyaphukileyo njengoMzimba kaKristu, baya kuyenza ibengqukuva njengelanga okanye njengenyanga. Kwaye unanamhla useyingqukuva! Ngokuqinisekileyo. Isesisonka esingqukuva, kwaye kungelilo iqhekezana elophuliweyo loMzimba Wakhe. Ungqukuva kwaye ugudile. Abapristi bamaRoma namhlanje babeka esisonka singqukuva esibingelelweni baze basibize “UMzimba kaKristu wokoqobo.”

113 Ngoku, kukho ukujikwa okukhulu phakathi kwabanye balama Episcopalians baphezulu, na njalo njalo, kwaye

ibandla lamaKatolika liphezu kwaloo ngongoma, nokuba nguMzimba *wokoqobo* okanye *umele* uMzimba. IRoma Katolika ithi “nguMzimba wokoqobo,” ngokuba lowa yayingumzimba wokoqobo kaBhahali (uthixo-welanga) lowo wazibonakalisa kwela ceba lobhedu kwaye balwenza ngqukuva. Akukho tafile yamaKristu inesonka esingqukuva phezu kwayo!

¹¹⁴ Ngoko babefuna ukukhangela empumalanga, na njalo njalo, njengokuba benzayo kunqulo lobuhedeni; kwaye bangenise abafazi, na njalo njalo, kanye njengokuba babehleli besenza, njengabahedeni kuthixokazi, na njalo njalo. Ngoku basuka bamothula u-Astarte baza bamphakamisa uMariya, bamenza ukumkanikazi wezulu. Bamothula uJupiter kwaye bamphakamisa uPetros. Kwaye kwafuneka ukuba bafumane imfundiso, ukuze benze oko babane. . .

¹¹⁵ Xana u-Akwila noPrisila bebuya, emva kweminyaka elishumi elinamithathu yobukumkani bukaKlawudiyo, ngoko xana bebuya balifumana ibandla labo linikelwe ngokupheleleyo ekunquleni izithixo, kodwa lalikhulile ukuya ebutyebini, into enkulu.

¹¹⁶ Ukuze bakungenise oku, bamelwe kukuyisusa iBhayibhile ngokupheleleyo. Ngoku, ndiyindoda engumIrish, ndinento abayibiza ngokuba *Iinyani ZoKholo Lwethu* leyo iyeyabapristi kuphela, na njalo njalo. Kwaye ndiyakwazi oku, kunye nodliwano ndlebe nabapristi, umpristi akayi kukuphikisa ngeBhayibhile, iBhayibhile yenye nje incwadi kuye. Xana oku apha uBhishophu uSheen wathi, apha malunga neminyaka emibini edlulileyo, ukuba “Nabani na lowo owazama ukukholwa iBhayibhile, wayenjengohamba emanzini anodaka.” Abakukholwa Oko! Baqalisa phaya kwaye bathi, “UTHixo usebandleni Lakhe, hayi iLizwi Lakhe.”

¹¹⁷ Lo mpristi ulapha phezulu endleleni, lowo obeze kudliwano ndlebe kufutshane nje, apha phezulu kwiNtliziyo eNgwele, wathi kum. . . okanye eli bandla liphezulu endleleni, ndiyalibala ukuba liyintoni na. Ndinga ukuba libizwa ngokuba yiNtliziyo eNgwele. Weza kum malunga nobhaptizo, uMary Elizabeth Frazier owayekreqile waguquka waba ngumKatolika. Wathi, “Ingaba wambhaptiza?”

Ndathi, “Ewe.”

Wathi, “Wambhaptiza njani?”

Ndathi, “Kubhaptizo lobuKristu.”

Wathi, “Uthetha ngayiphi indlela?”

Ndathi, “Lunye kuphela ubhaptizo lobuKristu.”

Wathi, “Uthetha ukuthini, ngokuntywilisela?”

Ndathi, “Ewe, mhlekazi.”

118 Wathi, “Wamntywilisela ngoko egameni lika ‘Yise, Nyana, noMoya oyiNgcwele?’”

119 Ndathi, “Ayilobhaptizo lobuKristu olo.” Ndathi, “ubhaptizo lobuKristu kukuntywilisela eGameni leNkosi uYesu Kristu.”

120 Wayibeka phantsi. Wathi, “Ingaba uya kufunga kwesi sifungo ku, okanye, esi sibhengezo kubhishophu?”

121 Ndathi, “Ukuba akalikulikholwa ilizwi lam, makenze ngaphandle kwalo.” Ndathi, “Andifungi kwanganto.” Yabona? Kwaye wathi... Kwaye ndathi, “Kungengakratshi, mhlekazi, kodwa ndiyazi ukuba iBhayibhile yathi, ‘Ungafungi ngamazulu okanye ngomhlaba, ngokuba sisihlalo seenyawo Zakhe,’ na njalo njalo. Asifanele sikwenze oko.”

122 Wathi, “Okungaqhelekanga, ibandla lamaKatolika lalidla ngokubhaptiza ngolo hlobo.”

Ndathi, “Nini? Nini?” Yabona? Kodwa bathi bakwenzile oko.

123 Ngokuba, ngokuphandle, babe, kwaye sonke sasibanye ekuqaleni, kwaye imvelaphi isuka kwiPentekoste. Oko kukuqala kwebandla lokuqala naphi na, nabani na anokuthetha malunga nalo. Ibandla lobuKristu laqala ngePentekoste, linamava epentekoste, abantu bepentekoste, ubhaptizo lwepentekoste. Bonke baphuma kwibandla lokuqala lePentekoste.

124 Ngoku, qaphela. Ngoku, sifumanisa ngoko ukuba kwafuneka bemke kwimfundiso yeBhayibhile ukuze ube nazo ezi zinto ukukholisa abalawuli na njalo njalo, ukungenisa abahedeni.

125 Ngoku, khangela. UPetros wayengumYuda. Ingaba oko kunjalo? Ungafane ucinge nje ukuba uPetros oNgcwele esamkela umbono wokubeka izithixo ebandleni, umYuda owayengavunyelwanga nokubhekabheka kwisithixo? Ungafane ucinge nje esenza into elolo hlobo? Hayi uPetros! Ungafane ucinge nje yena esithi, “Yonke imibhalo yam emva phaya ekuqaleni yayingalunganga, ndiyakuyiphosa nje phantsi ngoku. Ndizakuphila njengomoya kweli bandla laseRoma, kwaye ndiza kwamkela...?”

126 Ke, iya kuba ngumntu otshintshileyo. Ngoko ke, ukwenza oko, kwafuneka ukuba baqale imfundiso yokuba “UPetros wangwatyelwa ebandleni kwaye wayeshiye yonke imiyalelo nabo, kwaye babelibandla lakuqala lobuKatolika.” Abanjalo! Akukho Sibhalo, akukho mbali nanto inokungqina oko; akukho kwanto. Babengelilo.

127 Kwaye laa mpristi wobuhedeni webandla lokuqala laseRoma ufana nqwa kanye nalo mnye namhlanje. Bakholwa ukuba ukuba isonka ngumzimba kaKristu, ukuba ngandlela ithile uKristu uyehla aze atsibele kwelaqhekeza lesonka libekwe phezu kwesibingelelo (elo impuku iya kulithabatha imke ngobusuku). Yabona? Kholwa... Kwaye naso isizathu sokuba

amaKatolika akholwe ukuba kufuneka uye ebandleni ukuyo nqula, ngokuba “UTHixo ukwela bandla.” Naso isizathu sokuba baqubude bazingamleze, ukujikeleza icawa, ngokuba “Elaa qhekeza lesonka nguThixo.” Asiyonto ngaphandle kokumelwa kooBhahali uthixo-welanga, akukho Sibhalo kuyo konke konke! Ewe, esa sonka siyingqukuva sibekwe phezu kwesibingelelo.

¹²⁸ Ngoku, ngoko ke, babengayamkeli imfundiso yobuKristu yokuba U-Irenaeus, uPolycarp, nabo bazalwana bangaphambili, uPawulos...Sifumanisa ukuba, oyena mfundi mdala yayingu...waphila ixesha elide, yayinguYohane. Wagxothwa iminyaka emithathu, ngaphandle ePatnos, ngokuba wayenesikolo. Wayedlulisela okanye elungisa iLizwi likaThixo, eLidibanisa, iiNcwadi kunye. Bamfumana ekwenza oko yena nabafundi bakhe, kwaye bamgxotha iminyaka emithathu (emva kokufa komlawuli wabuyiswa), kwaye ngoko wabhala iNcwadi yeSityhilelo.

¹²⁹ Kwaye wathetha malunga “ngoThixo ebandleni Lakhe okanye uThixo eLizwini Lakhe?” IBhayibhile yathi ukuba uLizwi nguThixo.

Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, kwaye uLizwi ekuye uThixo, kwaye uLizwi enguThixo.

Kwaye uLizwi waba yinyama, kwaye wahlala phakathi kwethu,...

¹³⁰ Ngaphandle koko, nayiphi na imfundiso yalo naliphi na ibandla, mayibe ngamaBhaptizi, amaRhabe, amaWisile, amaPentekoste, okanye nokuba yintoni na, engahlaliyo unobumba ngonobumba kunye nale Bhayibhile, ayilunganga! Kuba uYohane wathi eSiqithini sasePatmos, uMoya oyiNgcwele, okanye uKristu ethetha kuye, wathi oku, “Ukuba nabani na uyakunciphisa nantoni na kOku okanye ongeze nantoni na kuYo...” Ke ungalongeza njani olu nqulo lwezithixo lobuhedeni lemifuziselo, usenza oothixo abathathu ukuphuma koMnye, nayo yonke le micimbi yobuhedeni engazange ifundiswe liBandla lakuqala alizange liyifundise kwaye babechasene nayo?

¹³¹ IBhunga laseNicene, nokuba Wayeyinto ebuthathu okanye into enye, ingxoxo enkulu, abo bafelinkolo beza phaya, abanye babo bene—ne...Omye umfo, u—ubhishophu, abashumayeli bepentekoste, ngokubeka izandla kwabagulayo, babeka intsimbi eshushu ukunqumla kwiingalo zakhe kwaye batsale iingalo zakhe ngasemva *ngolu* hlobo. Abanye, bemile, apho bathabatha ikrele bamkrukra amehlo akhe bawakhupha, kwakukhangeleka njengquba labafelinkolo ababemele eli Lizwi! Haleluya! Balixuba igazi labo nelabaprofeti bakudala. Eli Lizwi, mzalwana, LiLizwi likaThixo.

¹³² Xana aba bahedeni baguqakayo, bangenisa le mifanekiso kubuKristu. Babengenako ukuyisebenzisa iBhayibhile

kwakhona, ngokuba iBhayibhile iyakubonisa oku. Kwaye baya kukuxelela kanye namhlanje ukuba abanamfuneko... abayikholwa Loo nto. Bathi, “Ilungile, kodwa ibandla lelona lizwi longamileyo.”

¹³³ Ke, sifumana kwa into enye kwiPentekoste. Musani ukukhwaza malunga ne “Katolika,” xana sinetyala kanye, amaWisile, amaBhaptizi, nabo bonke ngabanye.

¹³⁴ Nina maWisile, ningcwele kakhulu, nimbulaleleni uJoseph Smith ngoko? Le yiMelika kunye nelungelo lokunqula. Andikukholwa oko uJoseph Smith wakutshoyo, kodwa naningenalo ilungelo lokumbulala, kunjalo, uMormoni.

¹³⁵ Nina maBhaptizi, bangaphi enibagqubutheleyo? Nina ninonke?

¹³⁶ Kwaye iPentekoste, benetyala kanye njengabo bonke, niyakhukhumala nento eninzi negquba lohanahaniso. Kwaye endaweni yokuthobeka namandla oMoya, nineLizwi ngaphandle koMoya. Kwaye niyenzakalisa ngakumbi kunokuba beniya kwenza ukuba beninjengabo bonke. Emva kwimisitho yabo yobuhedeni nalo lonke uhlobo lobutriniti, nazo zonke ezi ezinye izinto, awunakuyingqina ngeLizwi. ILizwi lichasene nayo. Indlela ekulusizi ngayo, indlela ekulusizi ngayo!

¹³⁷ Ke xana baseka ibandla lokuqala laseRoma, ubuKristu, kwafuneka ukuba bayichithe iBhayibhile; kwaye bathabathe le mibhiyozo, ukuze babenokuyenza loo nto, kwakufuneka babe nohlobo oluthile lwemvelaphi, ke bathi, “UPetros wayengupopu wokuqala waseRoma. Kwaye usahleli ngaloo ndlela,” batsho. Ke, masithi wayenguye, ingaba uPetros wayeza kubuya ehle kuMazwi ePentekoste? Ungacinga umYuda esenza izithixo?

¹³⁸ Kwaye xana ndinokungqina kuwe ngeLizwi elibhaliweyo eliphuma eBhayibhileni, ngokuchanekileyo imihla neminyaka, ukuba uPetros akazange ayishiye iPalestina kodwa ngaxesha lithile (kwaye waya eBhabhiloni ezantsi ngakumEfrati), akazange abe seRoma, ngeZibhalo, ITSHO INKOSI! Oko konke yimbono yobuhedeni.

Ngoku siza kuyizisa loo nto kanye ukuphuma ukuya kubuProtestanti.

¹³⁹ Khangela kwiPentekoste, ngaphandle kokuthabatha iLizwi. Hlala nelaa Lizwi kwaye uhlala ulungile; phuma kwela Lizwi, uya kuya naphi na.

¹⁴⁰ Apha kwixesha elidlulileyo kumhlangano omkhulu kunye nesikolo esikhulu sobuPentekoste, umfazi waxhuma, ethetha ngeelwimi, kwaye waphazamisa ubizo lwasesiguqweni. Kwaye ngobo busuku xana ndibuyela ngaphakathi, uBilly wahlangana nam phandle phaya, wathi, “Uyazi yintoni? Laa mfazi wathi wayenomnye umyalezo ngokuhlwanje awayeza kuwunikela.”

141 Kwaye ndakhangela kulaa mfazi, iinwele eziqothuliweyo, enxibe ilokhwe emminxe ngolona hlobo ekhangeleka ngokungathi ugalelwe kuyo, ehleli phezulu phaya elungisa iinwele zakhe, esonyusa iikawusi zakhe, ndayazi wayeza kuxhuma. Kwaye waxhuma, kwaye ndathi, “Hlala phantsi.” Waqhubela phambili. Ndathi, “Ingaba uyandiva? Hlala phantsi!” Owu, bethu.

142 Xana ndaphumayo ngobo busuku, kwakukho abane okanye abahlanu babo bafo badibana nam phaya phandle, bathi, “Umenze buhlungu uMoya.”

143 Ndathi, “Nawuphi na umoya endiwenza buhlungu ngeLizwi likaThixo umelwe kukwenziwa buhlungu.” Ndathi, “Ayitsho na iBhayibhile ukuba umoya wabaprofeti uyazithoba kubamprofeti? Ukuba uyangqina, sisiphi isiprofeto esi—esi . . . Ukuthetha ngeelwimi sisiprofeto ukuba siyatolikwa.” Ndathi, “Ngoko makalinde ndide ndigqibe, ngoko angaba naso.”

Wathi, “Kodwa ufundisa iLizwi.”

Ndathi, “Yiloo nto ndimi ngayo.”

144 Wathi, “Ubenento entsha nentsha evela eZulwini, into eyahlukileyo kunaLeya.” Ukuba oko ayikokubuyela eRoma ubuKatolika andazi ukuba yintoni!

145 Lonke ilizwi lomntu malibe bubuxoki nawo wonke umoya ube bubuxoki, kwaye iLizwi likaThixo libe yiNyaniso. ILizwi likaThixo lelokuqala!

146 Yintoni ingxaki namhlanje, banezityhilelo ezininzi kakhulu kunye nezinto ezibubuxoki. Kukulala ngesisu kwabo phaya phandle kwaye bavule iintliziyo zabo kwiidemoni, endaweni yokuhlala neLizwi likaThixo. Kulapho ingxaki ilele khona, yiloo nto ingxaki. Abantu, abanyanisekileyo, abanyanisekileyo, abantu abalungileyo, kodwa awunakubaxelela. “Ke, sikholwa oku, njengabantu abangamaPentekoste.” “Sikholwa koku, njengabantu bamaBhaptizi.”

147 Ndiyakukholwa Oku ngokuba LiLizwi likaThixo! Ndicela umngeni kuye nabani na ukuba andilungise kuLo. Yabona? Kulungile oko. Eli liLizwi! Hlala noKu, Le yinyani!

148 Ke baseka ibandla lokuqala, ibandla lokuqala lamaRoma Katolika. Kwaye endaweni yokubiza u . . .yena *bhishophu*, ababesoloko bembiza kanjalo, ngoku bambiza “Bawo.” Basayenza. Kwaye bathi apha, “Kuya kufuneka uyivume loo nto, ukuba esi sonka singuMzimba kaKristu. Kwaye, ukuza kuthi ga ngoku, umpristi unguthixo, ngokuba uThixo unyanzelekile ukuba aliphulaphule ilizwi lompristi oko kutshintsha esi sonka sibe nguMzimba kaKristu wokoqobo.” Kwaye amadoda akrekrele ayiyeke loo nto ithotywe emqaleni yawo! Owu, bethu! Owu, njani . . .

¹⁴⁹ Kodwa abanquli benyaniso, oobhishophu benyaniso, bahlala neLizwi. Bahlala kanye phaya kwela Bhunga laseNicene, balibamba elaa Lizwi kanye phaya. Ewe, mhlekazi. Bangena njengabafelinkolo, nayo yonke enye into, kodwa bahlala nelaa Lizwi. Babengalufuni kwaphela unqulo zithixo.

¹⁵⁰ Kwaye ndifuna umntu andibonise apho uPatrick oNgcwele wakhe wangumRoma Katolika. Ayikho into enjalo! Walichasa elaa bandla laseRoma. Wayengumtshana kaMartin oNgcwele. Bendifunda apha, kwi...umfazi owabhala i...Hazeltine, uNkskz. Hazeltine, *Izicatshulwa zeBhunga laseNicene*, wathi uye kwikhadi e-Oxford ukuze afumane i-ikhadi ngenxa yo, kuthabatha, *UBomi bukaMartin oNgcwele*, kwaye lo mfo wathi, “Kodwa akazange enziwe ingcwele libandla laseRoma.” Ngokuqinisekileyo akunjalo, wayiqhanqalazela loo nto! Kwaye ke wenza njalo uPatrick oNgcwele. Amandoda athi ahlala neLizwi likaThixo bazakhela izikolo ezizezabo, bemka kolo hlobo lwezinto.

¹⁵¹ Ngoku, sifumanisa, ke kunjalo namhlanje. Ibandla laseRoma liqhubeka namaqebengwana efanayo angqukuva, likholwa ukuba uKristu uyehla kwaye axhumele ngaphakathi. Kwaye, phulaphulani, niyazi na ukuba umprii uyayisela iwayini? (Xana, beya kuyithabatha omnye nomnye, “Ugqithisa indebe omnye komnye.”) Kodwa, kwimo yobuhedeni, abaprii basela iwayini. Yabona? Wena nangoku...Yonke bubuhedeni! Kanye ngokuchanekileyo. Abakhathali.

¹⁵² Bayakuxelela, “Andiyikuthetha nawe malunga neBhayibhile.” Laa mlungiseleli, okanye umprii, wathi kum phezulu phaya, wathi, “Mnu. Branham, uzama ukuthetha ngeBhayibhile, ndithetha malunga nebandla.”

Ndathi, “UTHixo uliLizwi!” Kulungile. Ngoku, kulungile.

¹⁵³ Sifumanisa koku, ukuza kuthi ga kulo mhla, kungoko ibandla lamaRoma Katolika kufuneka liye enkonzweni ukuya kunqula. Bafundisiwe ukuba “UTHixo ukwesi sonka singqukuva, umsindleki emnqubeni.” Yabona? Awuboni ukuba bubuhedeni? Ngokuqinisekileyo, bubo.

¹⁵⁴ Awuboni ukuba abantu baya kuthabatha nantoni na—nantoni na echasene neli Lizwi ikwasisinxibo esinye? Ayizange na iBhayibhile, kwiSityhilelo 17, silibize ibandla lobuKatolika “ihenyukazi”? Ayizange Sibize amaProtestanti njengonina wa...ukuba waye “ngunina wamahenyukazi”? Into enye! Ukhupha imfundiso ukusuka kwindebe yakhe yokungcola yesikizi lobuhenyu bakhe, mdaka nokungcola, ukwenziwa komntu nje, endaweni yeLizwi likaThixo ophilileyo eliyinyaniso nelingakrexezwanga.

“Owu Thixo, yiba nenceba kuthi,” ngumthandazo wam.

¹⁵⁵ U-Irenaeus wathi, ndibhale phantsi inqaku apha into awayithethayo, wathi, “ILizwi likaThixo lifana negquba

elihle lamatye amakhulu anqabileyo amahle lawo ayebekwe ngaphandle ukwenza umfanekiso omkhulu oqingqiweyo, uKumkani onamandla. Kodwa,” wathi, “iimvumo nkolo, iimfundiso, amahlelo, athabathe loo matye anqabileyo mahle enze imo yenja kuwo, kwaye alahlekise abangenalwazi ngeLizwi. Oku bakwenzela ukonakalisa iindlela zikaThixo nokuzisa ihlazo phezu kwaLo.” Haleluya!

¹⁵⁶ Xana uzama ukwenza iLizwi likaThixo lithethe into elungele umbutho wakho, uthabatha amatye anqabileyo ukuphuma kuMzimba woKumkani omkhulu kwaye wenze umfanekiso wenja, okanye impungutye, okanye ihagu, okanye into ethile, ephuma kuyo. Kwaye ulahlekisa abangalaziyo iLizwi.

¹⁵⁷ Haleluya! Kukho abathile abanoMoya kaThixo, abo bamele iLizwi elisenyameni. (Thixo, zikhulise izintlu zethu.) ILizwi, akukho nto kodwa iLizwi! Thabatha elaa Lizwi apho uYesu wathi phaya, “Onke amazulu nomhlaba ayakudlula, kodwa iLizwi laM alisayi.”

¹⁵⁸ Apho Lathi, “Bhaptiza eGameni leNkosi uYesu Kristu”; benza “uYise, uNyana, uMoya oyiNgcwele,” oothixo abathathu ukuphuma kuYo. Bathabatha zonke iindidi zeemfundiso, benze zonke iintlobo zezinto, baze bafefe endaweni yokuntywilisela. Yonke into! Benze uhlobo oluthile lomgxobhozo owenziwe ngumntu ukuphuma kulo, endaweni yokulibeka kwiLitye elinqabileyo, kuKumkani omkhulu, uKristu.

Owu, Haleluya! Lowo nguThixo ekwinyama, uKristu!

¹⁵⁹ Bayazonakalisa iindlela zikaThixo. Bavumela abantu beze enkonzweni, abafazi abanqothule inwele, beziqabe ubuso, benxibe oko kukhangeleka kulihlazo. Amadoda angosisi, avumela abafazi babatsale ngendlebe bebajikelezisa. Beza enkonzweni, kwaye badlale imidlalo yamadayisi nemidlalo yamakhasi, nazo zonke iintlobo zezinto ezonakeleyo. Kwaye abashumayeli na njalo njalo phandle phezu kwamanxweme, kunye nabafazi abaze benxibe iimpahla zokuhlamba kwaye besiya kuqubha, betshaya iimidiza, kwaye bezibiza “abakhonzi bakaThixo”; xana le tempile iyitempile engcwele enikelwe kuThixo, hayi kukungcola kwehlabathi. Yinyani. Kodwa bathabathe amatye anqabileyo kaThixo kwaye benza ihagu ukuphuma kuwo, okanye impungutye, okanyeinja, okanye iqaa, okanye into ethile, kwaye bondle ngayo abangafundanga, abangenalwazi.

¹⁶⁰ Enkosi, Doc. Ndinayo enye apha kodwa andizange ndicinge nje malunga nokuyisebenzisa, itshefu.

Ewe, yiloo nto bayenzayo. U-Irenaeus waye—elungile.

¹⁶¹ Yintoni uThixo ayicingayo malunga nako konke oku? Ingaba iyafana nale nto bazama ukuyithetha, “Owu, akunamsebenzi kuYe”? Ibalulekile kuYe! Ibalulekile.

162 Kutheni Waxelela uYeremiya izinto Awayezenzile ngoko? Kutheni wakuthetha oko? Kubalulekile. UThixo unendlela.

163 Kungathini ukuba uMoses wathi, “Ndiza kukhulula umnqwazi wam endaweni yezihlangu zam”? Ngewayengazange awubone umbono. Kumelwe uze ngendlela kaThixo. UThixo unendlela.

164 Kunokuninzi esinokukuthetha. Masityhile nje iSibhalo esinye apha. Ndinezininzi zazo zibhalwe phantsi. Masityhile kwiNomeri 25, umzuzu nje. UNumeri 25, siyibone ukuba i-ibalulekile nantoni na kuThixo, okanye akunjalo. Masibone ukuba injalo, ukuba ezi mvumo nkolo, iimfundiso (na njalo njalo) zinomsebenzi na. “UnguThixo olungileyo, Akayihoyi nje yonke loo nto.” Akayenzi! Ubeka umgca aze azobe ilothe yokulinganisa, kwaye umelwe kukuba uze kuYo.

Kwaye amaSirayeli ahlala eShitim, kwaye baqala abantu bahenyuza neentombi zakwaMowabhi.

(Phulaphula!)

Kwaye bababizela abantu ukuya emibingelelweni yoothixo babo: kwaye abantu badla, kwaye baqubuda koothixo babo.

Kwaye uSirayeli wazibandakanya noBhahali-pehore: kwaye wavutha ke umsindo kaYEHova kumaSirayeli. (Akumangalisi Wathi “Musa ukuluthandazela olo hlobo lwabantu”! Huh?)

Kwaye wathi uYEHova kuMoses, Thabatha bonke abathetheli babantu, kwaye ubabethelele emnqamlezweni phambi koYEHova nxamnye nelanga, ukuze ukuvutha komsindo kaYEHova kubuye kumke kuSirayeli.

Kwaye wathi uMoses kubagwebi bakwaSirayeli, Bulalani elowo umntu wakhe lowo... ozibandakanya noBhahali-pehore.

165 “Babulaleni bonke ngabanye!” UThixo ufuna ukuba nguThixo, kwaye ukuba Akanguye uThixo Akayi kuba kwindawo yesibini. Akanyanzelekanga ukuba avumele uBhahali (kunye nemfundiso ethile eyenziwe ngumntu, kunye nolwazi lwengqondo ethile yendoda ethile, okanye imbono ethile yemvumo nkolo, okanye imbono ethile ye—yehlelo) ime endleleni Yakhe, UnguThixo kwaye Unako kula matye ukumvelisela abantwana u-Abraham. Akanyanzelekanga ukuba abe namahlelo wenu. Akanyanzelekanga ukuba abe nemibutho yenu emikhulu nezikolo zenu nezinto. Uthabatha loo nto Anokuyifumana esandleni Sakhe, leyo ingento, aphefumlele umoya woBomi kuyo kwaye ibe yinto leyo iyakuMkhonza. Yiloo nto eMenza abengu Thixo. Ngokuqinisekileyo, ibalulekile kuThixo.

Uthi, “Ayinamsebenzi.” Inomsebenzi! Ngokuqinisekileyo, inomsebenzi.

¹⁶⁶ UPopu uLeo Omkhulu, walawula ukususela ngowama-440 ukuya kutsho ngowama-461. Owu, wacinga ukuba weyesenza kanye loo nto yayilungile, weza ebandleni... Ngaphambi kwakhe yayinguVictor, kwaye wayeyimpuku, kwayena. Kwaye weza wangena phaya, kwaye indlela awawabulala ngayo amaKristu nayo yonke enye into.

¹⁶⁷ Kwaye ngoko ngubani owaqala konke oku, wayibeka “ngokusemthethweni” ukubulala? Uyazi ukuba yayingubani? ONgcwele u-Augustine waseHippo, nguye ngokuchanekileyo owayenzayo loo nto.

¹⁶⁸ ONgcwele u-Augustine wakhe wanethuba kanye, ke itsho njalo imbali, ukuze abe yindoda enkulu kwaye azaliswe nguMoya oyiNgcwele. Ehleli ngasemva kweyadi phaya, eLyons, eFransi, kweso sikolo sikhulu apho u-Irenaeus wayefundise khona, nabo kunye noMartin oNgcwele. Wahhala kule yadi yesikolo kwaye uMoya oyiNgcwele weza kuye, kodwa wala ukuWamkela.

¹⁶⁹ Ngoko waba yintoni na? Umntwana wesihogo ngokuphindwe kabini ngaphezulu kunokuba wayenjalo kwindawo yokuqala, wehla waya kanye eHippo, e-Afrika, phaya wamisa khona isikolo sakhe. Kwaye yaba... .

“Ndibonise!”

¹⁷⁰ Ndingakusa kwimbali. Yayinguye owamisela ilizwi lakhe kuyo, ukuba “Bekulungile ukubulala nawuphi na umkreqi ababenokungavumelani neemfundiso zebandla laseRoma,” ONgcwele u-Augustine waseHippo. Ingaba ukho umfundi weBhayibhile apha, okanye umntu ofunde imbali, owaziyo ukuba leyo yinyaniso, phakamisa isandla sakho? Ehe, yabona? Ngokuqinisekileyo banjalo. Ongcwele u-Augustine waseHippo, yayinguye owawisa isigwebo ukuba “Kwakulungile ukubulala iziphambusa ezingavumelaniyo nebandla lamaRoma.” Bemisela iimfundiso zobuhedeni, zokusuka bemke eBhayibhileni, nokuseka unqulo lothixo welanga. Uyasazi isizathu sokuba ubuKristu bu... .

¹⁷¹ Uyazi ukuba uyifumene phi iKrisimesi? UKristu wazalwa ngo-Aprili, kodwa yintoni abayenzayo? Isixokelelwano sezijikelezi langa siyacotha ngoku njengoko sisimka, suku ngalunye lusiba lude kancinane, okanye lufutshane kancinane, kwaye kafutshane kancinane, kwaye ukususela kowamashumi amabini kude kubengowamashumi amabini anesihlanu kuxana uthixo welanga wayenomhla wokuzalwa kwakhe. Kumalunga nje neentsuku ezintlanu phaya, kulapho babenesekisi yaseRoma ngelo xesha, ukubhiyozelwa komhla wokuzalwa kothixo welanga ngelo xesha. Kwaye ngoku uyabona ukuba unantoni ngoku? Bathi, “Yenzi ‘uthixo-welanga,’ masiyithabathe

‘uNyana kaThixo.’” Kwaye yonke into ibubuhedeni kwa indawo yokuqala! Kwaye abantu ezitalatweni benezihlangu zabo zezithende ezichophileyo, kwaye bayazibhijabhija behla benyuka ezitalatweni, bebaleka besiya ezivenkileni.

¹⁷² Kwaye apha ngenye imini unkosikazi wam wayendixelela, “Omnye umntu wathi, ‘Andazi ukuba mandimfumanele ntoni uTata.’ Wathi, ‘Umzalwana uza kumfumanela ikota ye-whiskey,’ kwaye omnye wathi ukuba wayeyakumfumanela ichampagne ethile. Kwaye omnye wathi, ‘Ke, ndiza kumfumanela i- iseti yamakhasi.’” Ukubhiyozelwa kweKrisimesi, ubuhedeni, ukunqula-umtyholi! Kunjalo oko.

¹⁷³ Kodwa u-Augustine wakumisela oko. Ukuba ufuna ukubhekisa koku kwiSchmucker’s, ukubhalwa kukaSchmucker, S-c-h-m-u-c-k-e-r-s, USchmucker’s *Uhlaziyo oluZukileyo*, nantsi into ayithethileyo, ukuba “Ukususela kwixesha awathi u-Augustine Ongcwele waseHippo wadlulisela esi sigwebo kwibandla lamaKatolika, yaphosa iingcango zavuleka banzi ukuze babulale nantoni na ababefuna ke ngoko, leyo yayilikhanyela elaa bandla lobuhedeni. Kwaye ukususela kwixesha lika-Augustine oNgcwele, malunga namakhulu amathathu eminyaka emva koKristu, kwada kwangowe-1850, imbubhiso enkulu yase-Ireland, kwabakho izigidi ezingamashumi asibhozo anesithandathu zamaProtestanti abulawayo libandla lobuKatolika.” Oko kukwinkolo yobufeli bamaRoma, amashumi asibhozo anesithandathu ezigidi. Ngoku phikisana nombhalimbali, nguye owathetha oko. Ndiphinda nje ilizwi lakhe. “Wonke ubani owayengavumelani nemfundiso yamaKatolika!”

¹⁷⁴ Hayi *ikatolika*, igama ikatolika, abali—abalifanelanga elaa gama. Ngabahedeni baseRoma.

¹⁷⁵ Hayi abo bantu baxabisekileyo. Kukho amashumi amawaka abo bantu phandle phaya, nje abanyaniseke njengabo... nawuphi na omnye umnquli wezithixo unjalo. Bacinga ukuba banqula uThixo, xana (buyelani eLizwini) bakwisithixo nezithixo kuyo yonke indawo. Yabona!

¹⁷⁶ Kulungile, yayiyimfu-...imfundiso, iimfundiso zamaRoma. Kwaye, phulaphula, ndifuna ukuchaza into ethile apha. Bendikudlule oko.

¹⁷⁷ Ngonyaka we-1640, ngonyaka we-1640, xana ukubulawa kwase-Ireland kwezayo, phantsi kwamagqwetha amaRoma kunye nabapristi, ikhulu lamawaka lamarhamente kaPatrick Ongcwele labulawa. Ukuba uPatrick oNgcwele wayengumRoma Katolika, ngoko kwathini ukuze babulale abantu babo? Bona babengabantu abasebenza kwimizi-mveliso, nayo yonke into. Kunjalo oko. “Ikhulu lamawaka,” kubafelinkolo, “abo bababulalayo ngokuba bengavumelani nemfundiso.”

178 Ndikhe ndaba kwamanye amabandla kaPatrick Ongcwele eNorthern Ireland. Ewe, mhlekazi. Ndaba nenyhweba yokukubona oko. Yayisesikhulu nje isiqu esidala. Babengenazo ezozithixo zincanyatheliswe phezulu, kwaye kugalelwa izinto ezinyaweni zazo, kwaye bebahlawulela abo bantu ukuba babuye ukuba bangene kweso sithixo. “UMariya, bulelani, uMariya, nomama kaThixo,” kwa into efanayo njengoko benzayo ku-Astarte (ukuthakatha), umoya kaMariya.

179 Kwiminyaka nje emibini okanye emithathu eyadlulayo ibandla lamaKatolika laqalisa imfundiso entsha ukuba “UMariya uvukile kwabafuleyo kwaye unyukele eZulwini.” Bangaphi abakukhumbulayo oko? Owu, nonke niyakwenza, ngokuqinisekileyo, amaphepha ayezaliswe ngayo. Iimfundiso! Yakhelwe phezu kweemfundiso, kwaye akukho nesuntswana leNyaniso naphi na.

180 Ngoku, nina maProtestanti nibabi nje kwangolo hlobo, abo bala ukuthabatha iLizwi likaThixo. Yimfundiso yebandla lamaProtestanti ngokufanayo nemfundiso yebandla lamaKatolika, kwaye asilunganga sonke side sibuyele eLizwini likaThixo ophilileyo! Kulungile.

181 Nina ma-Assemblies of God, nina maFoursquare, nina maPentekoste obunye, ubuthathu, okanye nantoni na eninokubayiyi, buyelani kwiLizwi likaThixo! Yekani ezinye zezi zilapha izithixo zobuhlelo, intsomi yobuhlelo. Bayazithakatha ngokwabo (umoya womthiyoli) kwezi zithixo zamahlelo. Ingaba uyakwazi oko? *Ihlelo* si “sithixo”!

Uthi, “Ingaba ungumKristu?”

“NdingumRhabe.”

“Ingaba ungumKristu?”

“NdingumWisile.”

“Ingaba ungumKristu?”

“NdingumPentekoste.”

182 Oko akuthethi ngaphezu kokuba uyiyo “ihagu” okanye “inja” okanye “iqaqqa,” ayisenanto yakwenza naYo. Kulungile oko. Into esiyisweleyo namhlanje ku: kubuyela kwiLizwi likaThixo!

183 Ngoku, kwaba basebenzi basevenkileni nabantu abaxabisekileyo eNorthern Ireland, ukuba uPatrick oNgcwele...apho zazikhona zonke izikolo zakhe. Uyazi, igama lakhe lalingengoPatrick? Igama lakhe lalinguSuccat. Waxhwilwa njengenkwenkwe encinane; oodade wabo babulawa. Kwaye wabuyela emva, ngokuba waqeqesha izinja ukuba zileqe iihagu na njalo njalo, ke yena—yena—yena—wenzwa, xana wakwenzayo oko, ngoko bona...wayifumana indlela yakhe ebuyela ekhaya kuyise kunye nonina. Kwaye waqalisa isikolo. Kwaye isikolo eNorthern Ireland asizange samamkela upopu

njengoyena oligunya eliphakamileyo likaThixo, abazange bakukholwe oko. Bahlala neLizwi. UThixo asikelele lowa ongcewele osikelelekileyo, uPatrick oNgcewele, indoda enkulu.

¹⁸⁴ Kwaye uyakubeva bona besithi “UPatrick oNgcewele wagxotha zonke iinyoka zaphuma e-Ireland.” Funda imbali kwaye ubone ukuba yayiyintoni na. UPatrick oNgcewele wayekhohlelwa ekuthetheni ngeelwimi. UPatrick oNgcewele wayekhohlelwa ekuphatheni iinyoka okanye ekuseleni izinto ezibulalayo; kwaye xana wayenako ukuyichola inyoka kwaye ayilahle isuke endleleni yakhe, bathi, “Wagxotha iinyoka zaphuma e-Ireland.” Yayingenxa yokuba wayekhohlelwa ekubambeni iinyoka, kwaye akukho nto yayiza kubenzakalisa. Ewe, owu, ngokuqinisekileyo.

¹⁸⁵ Babengenazo ezo...ezi zinkulu iitempile zinkulu. Kwaye ingaba—ingaba ongcewele...Ingaba wayeyakwenza ntoni u-Irenaeus namhlanje? Wayengenza ntoni uPatrick oNgcewele namhlanje, ukubona amakhulu eebhiliyoni zeedola ebekwe kubuKatolika bamaRoma, ukwakha iicawa ezinkulu nemifanekiso eqingqiweyo yezigidi zedola nayo yonke into kanye njengokuba amaProtestanti esenza?

¹⁸⁶ Ndenze ingxelo ngenye imini kwaye yakhubekisa wonke umntu, naso isizathu sokuba ndibambe le teyiphu. Ubayeke nje benjalo, imfama zikhokela imfama, ziyeke zeyele emhadini. Yiloo nto kuphela onokuyenza, yabona. Xana ndabaxelela malunga nokubizelwa kwabantu esiguqweni, yayingekho into enjalo eBhayibhileni “ukubizela eziguqweni.”

¹⁸⁷ [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]...yobungcewele Bakhe. Ngokuzithoba kwethu ekufeni Kwakhe, sizibalela ekuthini asinto thina, ngoko uMoya oyiNgcewele weza ngaphakathi kwaye wasiphakamisela phezulu. Kwaye asithembelanga kuthi, kuba asinakwenza nto, kodwa ngaYe singenza zonke izinto.

¹⁸⁸ Thina, emfanekisweni Wakhe, umfanekiso ophilayo woThixo ophilayo. Wenza ntoni...Xana uzinikela kuThixo ngokwakho aze uThixo angene kuwe, ikwenza ntoni wena? Umfanekiso ophilileyo kaThixo. Kungengomfanekiso ufileyo ubekwe ekoneni; kungelo hlelo phezulu kwikomkhulu eWashington, ku—ku—kuManyano lwamaBandla; huh-uh, hayi, lowo ngumfanekiso oqingqiweyo ofileyo, umfanekiso oqingqiweyo ofileyo kunye nemvumo nkolo efileyo. Kodwa umfanekiso ophilileyo emntwini ngamye!

¹⁸⁹ Umntu othile wayefundisa ngenye imini, okanye wayenenqaku elincinane, kwaye umntu othile wathi ukuba “Ukuba umntu ebengasindiswanga, kwaye...Ukuba indoda ibisindisiwe kwaye inkosikazi yayo ingasindiswanga, ingaba babeya kuya na kuXwilo? Umfazi ubengenakuya kuXwilo, bekungayi kubakho nto injengomfazi oya kuXwilo kuba

bebanye.” Imfitshimfitshi! UYesu wathi, “Kuya kubakho ababini ebhedini, kwaye Ndiya kuthabatha omnye kwaye ndishiye omnye.” Yinto yomntu ngamnye phakathi kwakhe noThixo, ukunikela umzimba *wakho*; nokuba ngumama, utata, abantwana, nantoni na eyenye iyaYamkela okanye hayi. Amen!

¹⁹⁰ Owu Thixo! Eli lonakeleyo, limdaka, lingcolileyo ihlabathi; la amdaka, amabandla angcolileyo abizwa ngokuba ngamabandla; le emdaka, imibutho engcolileyo; le emdaka, imigaqo engcolileyo enxamnye neLizwi likaThixo. Owu Thixo, zisa umntu omncinane othobekileyo kwindawo ethile kwaye awacoce ngokuphandle, kwaye ubaphakamisele kwezaseMaZulwini iindawo kwaye Uzibonakalise, Thixo Onamandla Onke. Amen. Enjani yona ukonakala into eze kuyo!

¹⁹¹ Senziwe amadlelane wobungcwele Bakhe. Thina, emfanekisweni Wakhe, siyimifanekiso ephilileyo yoThixo ophilileyo. Ngoko, sifile kuthi ngokwethu, savuswa kunye naYe, ngoku phulaphulani, phulaphulani koku, iLizwi Lakhe lenziwe inyama kwakhona *kuthi*. (Owu, Mzalwana uNeville!) Khangela! Yintoni? Hayi oyintsomini, uthixo wengqikelela ohleli phandle phaya, kodwa uThixo ophilileyo. Uyintoni na uThixo ophilileyo? ILizwi likuwe lizenza ngokwaLo libeyinene. Whew! Uzuko kuThixo! Owu, ndiyazi ukuba nicinga ukuba ndingumqengqeleki ongcwele, mhlawumbi ndinguye. Kodwa, owu, mzalwana, uyayibona na? Uloyiso phezu kwalo lonke ihlelo, uloyisa phezu kwabo bonke ubuhedeni, uThixo ophilileyo enziwe wabonakalaliswa etempileni ephilileyo, kwaye iLizwi likaThixo, elinguThixo, lenziwe inyama ngaphakathi kuni. Kuba? Nihleli kwezaseMaZulwini iindawo, noyisile phezu kwazo zonke izinto, kuKristu uYesu. Amen!

Owu, ndiyaLithanda nje. Kufuneka nditsibe into ethile ndiqhubeke.

¹⁹² Ngoku, phulaphula. Ngoko aba bancinane bamakholwa Akhe, kungakhathaliseki nokuba—nokuba lixesha elingakanani na, okanye ngubani—ngubani, omncinane, okanye nantoni na oyiyi, abona bancinane bamakholwa Akhe kuYe banabo bonke ububi phantsi kwabo. Yabona? Khangela! UKristu uyiNtloko yoMzimba. Ingaba kunjalo oko? Ke, naphi na apho iNtloko ikhoyo uMzimba unaYo. Uzuko! Apho intloko yam iya khona ithabatha umzimba wam kunye nayo. Kwaye apho uYesu akhoyo, iBandla likunye naYe. Amen! Akaphumi eLizwini Lakhe; Uhlala eLizwini Lakhe, ukhangela phezu kwaLo, ukulenza Libonakalaliswe. IBandla Lakhe linaYe.

¹⁹³ Kwaye, khangela, uthi, “Kodwa, Mzalwana uBranham, ndingoyena mncinane.” Zintende zeenyawo Zakhe ezo. Kodwa, khumbula, Woyisa kunye nawe, woyisa nawe kuyo yonke indawana yayo, nkqu nawe uyintende yeenyawo Zakhe. Sonke isigulo, wonke umtyholi, onke amandla, nkqu kwanokufa

ngokwako, kuphantsi kweenyawo zenu, phantsi *kwenu*. Uzuko! Andiziva ngokungathi bendinamashumi amahlanu anesibini ngale ntsasa. Le yiNyaniso. Ukuba nje ndingenza eli bandla likubone oko, mzalwana, siyakuba libandla eloyisayo. Abakholwayo kuYe, bonke ububi phantsi Kwakhe. Owu, uzuko!

¹⁹⁴ Ndiya kukhangela kancinane, ndiya kuphinda ndiqalise kwixesha elilandelayo.

¹⁹⁵ Phulaphulani, phulaphulani oku. Uthi, “Mzalwana uBranham, andinawo amandla.” Nam ngokunjalo andinjalo. Andinawo nawaphi amandla. “Ke, Mzalwana uBranham, ndibuthathaka.” Nam ndinjalo. Kodwa andixhomekeke emandleni am, ayingomandla am. Ndixhomekeke kwigunya lam, yabona, igunya lam endilini kiweyo. Ayindim owomeleleyo, andomelelanga. Yena womelele, kwaye ndi—ndingoWakhe.

¹⁹⁶ Apha, ngolu hlobo, sithi umzekelo, nazi iinqwelo mafutha ezininzi zisihla ngesitalato, kwiFourth kunye neBroadway eLouisville, “zoom, zoom, zoom, zoom,” ngokukhawuleza nje kangangoko banako, amashumi amathandathu eemayile ngeyure ukunqumla eso sitalato, wonke umntu egxamise, ephithizela, ukuphithizela. Indoda enye encinane ihamba phandle phaya, iphakamise isandla sayo, kwaye, mzalwana, iziqhoboshi ziyatyibilika. Ke, laa ndoda incinane ayinawo amandla aneleyo okumisa enye yezo nqwelo mafutha, kodwa inegunya. (Uzuko!) Ayingomandla akhe. Ke, ukuba enye yazo iinqwelo mafutha inokungila, ingamdiliza. Kodwa makhe aphakamise isandla sakhe nje! Kuba? Abaqhubi benqwelo mafutha bayayiqaphela laa yunifomu.

¹⁹⁷ Owu, mzalwana, bayayiqaphela laa yunifomu, iziqhoboshi ziyatyibilika. Ngokuba? Khangela igunya lakhe. Khangela into esemva kwakhe. Yonke inkqubo yesixeko isemva kwakhe. Umthetho wesinyazeliso wesixeko usemva kwakhe. Laa yunifomu imele oko. Wahlukile, ewe, mhlekazi, ngokuba uligosa.

¹⁹⁸ Uyakhwaza, “Yima!” Ewe, enye yazo iyahamba “zoom,” kwaye umthethe nje ngolu hlobo. Kodwa kungcono bangayizami lonto, khangela into esemva kwakhe. Baza kutswinizisa iziqhoboshi kwaye batyibilike. Akufuneki nokuba athethe nto, nje ukuphakamisa isandla sakhe. Oko kuyayenza lonto, ngokuqinisekileyo. Igunya lakhe livela kunyanzeliso lomthetho, lonke lisemva kwakhe. Yena ngokwakhe, ubuthathaka, kodwa lonto isemva kwakhe? Yiloo nto iqa... isinxibo sakhe, unxibe yonke iyunifomu.

¹⁹⁹ Yiloo nto ke...hayi isithixo, kodwa yilonto umntu afanele ukuyinxiba. Masinxibe sonke isikrweqe sikaThixo, amen, isigcina ntloko sosindiso, eli khaka likhulu (ubukhulu bomnyango) lokholo. Owu, mzalwana. Asiyonto ayiyo, kodwa into ayimeleleyo.

200 Yiloo nto igosa...asiyiyo laa ndoda incinane imi phaya, ungumntu nje oqhelekileyo, kodwa into ayimeleyo!

201 Isikrweqe sethu nguYesu Kristu. Ewe, mhlekazi. Zonke iidemoni zityibilikisa iziqhoboshi zazo xana zibona Oko. Xana zibona eso sikrweqe siphelleleyo sikaThixo, ubhaptizo lwenene loMoya oyiNgcwele, amen, lawo aLibonayo lisiza ngqo livela kwiTrone kaThixo, linxibe isikrweqe esiphelleleyo sovuko Lwakhe. Amen.

202 Kungekuba womelele, awuyonto, yilonto isemva kwakho. Ngokuba? Ufile. Uzibandakanye nomkhosi, uzibandakanye nomkhosi wamapolisa, uya kugcina umthetho kunye nolawulo lalamademoni. Kulungile oko, ukumkhosi wamapolisa, yonke into isemva kwakho. Yabona, ubalelwa njengofileyo, awuyonto, ubungenakunqanda nto. Kodwa igunya lakho elo ulinikiweyo, ngokuba uvusiwe kwaye uhleli kwezasemaZulwini iidawo kuKristu Yesu, umtyholi uyakuqaphela oko. Yonke into ibamba iziqhoboshi xana ezozandla ziphakanyiswa.

203 UMartin oNgcwele, ngaxesha lithile enkundleni... Yayikho indoda ezantsi phaya eyayidlakaza (umtyholi), yayiluma izixa ezinkulu ebantwini ngolo hlobo, kwaye abantu babebaleka, yayizama ukubabulala. Yatsala isandla esikhulu...yayinamabamba amakhulu amakhulu, amazinyo, yayikhupha imithamo emikhulu yenyama ngolohlobo njengoko yayisonakalisa.

204 [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]...abanquli. Kwaye imihla leyo Wayibonayo kwangaphambili, kwaye wayesazi ukuba iyakuba ngale ndlela xana Yena ngoKwakhe wayeya kukhutshelwa ngaphandle kwebandla ElileLakhe, ibandla laseLawodike, Wathi, “Yabonani, Ndimi emnyango kwaye ndiyankqonkqoza.” Laa mbutho wawuMkhuphele ngaphandle, kwaye bayenzile namhlanje, kodwa Umi emnyango ukunkqonkqoza.

205 Owu Thixo, yanga amalungu oMzimba Wakhe angaqaphela namhlanje ukuba sikwiBandla eloyisayo. Siku—sikuKristu. Sihleli ngaphezu kwazo zonke ezi zinto zehlabathi.

206 Kutheni abafazi bethu beyakufuna ukucheba inwele zabo? Thixo, ibonisa ukuba kukho into engundonakele. Kutheni befuna ukuziveza kwabona kwizinto ezi Jongelwa isondo? Kutheni abantu bethu belambile ezintliziweni zabo ukuva u—umfo ofana no-Elvis Presley okanye—okanye abanye baba Ricky, okanye njalo njalo, bema phaya bephethe isiginkgi esidala naloo mculo mdala untswinizayo kwaye benze amantombazana ethu amancinane ashukume kwaye ahlube iingubo zawo zangaphantsi, kunye nezinto? Thixo, kwaye ngoko loo nkwenkwe ibanga ukuba ingumPentekoste! Owu Thixo, yintoni i...Khangela lo Pat Boone obanga ukuba ungoweBandla likaKristu nazo zonke ezi zinto zikrwada,

into emdaka . . . Owu Thixo, bezibiza “ngokusuka kwiBandla likaKristu.”

²⁰⁷ Thixo, siyaqaphela ukuba ibheji yegunya ayililo igama lehlelo, kodwa ngamandla—ngamandla ovuko lukaKristu kubomi bomntu ngamnye. Thixo, banga aba bantu balapha ngale ntsasa bangazama ukungena Kuloo nto. Kwaye ukuba le teyiphu inokuphuma iye kwilizwe apho abantu bakhoyo, Nkosi, mabazi ukuba yayingathethelwanga ukuze kube yeyolunya, kuba nam ndiya kuba ndiphosakele ngokwam, kodwa ukuze iBandla libe noloyiso kwaye liyiqaphele indawo yalo. Ukuze babone apho zonke ezi zithixo, apho ibandla lobuKatolika lavela lacaca kwaye layenza loo nto “isithixo,” amaProtestanti ayayenza “umbutho,” kwaye babi nje kangangoko; bekhanyela iLizwi, “Benokumila kobuthixo, kodwa bewakhanyela aMandla ako.” Owu Thixo, liyinyani kangakanani iLizwi Lakho, lonke iLizwi!

²⁰⁸ Ngoku siyathandaza, Bawo, ukuba Uyakusixolela izono zethu, kwaye wanga lo Myalezo ungazika nzulu ezintliziyweni. Kwaye banga abantu . . . Langa eli bandla, njengokuba lo mnquba mncinane ngoku ukwinkqubo yokwakhiwa kwecawa, bangabangaze bakhangele kwinto entle ethile, kodwa ngokwaneleyo ukuba bakhusele abantu. Thixo, kwanga bangangaze bakhangele baze bathi, “Singabomnquba omkhulu wesakhiwo esikhulu phezu kwawo.” Thixo, mayibe yindlu engenanto. Banga bangangaze balahlekane nombono weNjongo, kaYesu Kristu. Yanga inganguYe Lowo uzalisa itempile yabo, kwaye ngoko amandla nomlilo woMoya oyiNgcwele uya kuwela phezu kwesibingelelo sentliziyo yabo. Phaya kulapho isibingelelo senene sikhoyo, Nkosi, sisentliziyyweni yomntu ngamnye.

²⁰⁹ Ndiyathandaza ngale ntsasa ukuba eli Lizwi liyakuhlala linzima kakhulu esibingelelweni sayo yonke intliziyo bade bangaze bakwazi ukumka kuLo, ukuze beze bebhahlile kwaye benengqiqo kwiVangeli, bekholwa aMazwi; kwaye bangazivuleli iintliziyo zabo kumandla eedemoni (okanye iimvakalelo, okanye ukuntswiniza, okanye ukuxhuma, okanye—okanye ukubonakalalisa okuthile, imo ethile yomzimba, okanye into enjalo), kodwa kowenene, oyinyani wothando uMoya kaKristu, apho Ayakuzibonakalisa khona ngothando nangamandla.

²¹⁰ Siphe oko, Nkosi. Philisa abagulayo nabaxhwalekileyo. Sicela eGameni likaYesu. Amen.

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda
Ngokuba Wandithanda kuqala
Kwaye wahlawulela usindiso lwam
Emthini waseKhalvari.

. . . NdiyaMthanda
Ngokuba Wandithanda kuqala

Kwaye wahlawulela usindiso lwam
Emthini waseKhalvari.

²¹¹ Ngeentloko zethu zithotywe, bangaphi na abaya kubeka iintliziyo zenu esibingelelweni nizenze intsimi kuThixo, ukuze Abe nokuhlwayela iLizwi Lakhe phezu kwesibingelelo sentliziyo zenu, elo liya kuzisa ubomi bovuko lukaKristu? Ungaphakamisa izandla zakho kwaye uthi, “Thixo, ndinqwenela oku ngentliziyo yam yonke”? UThixo azisikelele iintliziyo zenu ezilambileyo, ngamashumi emva kweshumi elinesibini.

Yishiye phaya, nje yishiye phaya,
Thabatha umthwalo wakho uwuse eNkosini
uwushiye phaya;
Ukuba siyathemba kwaye singaze
sithandabuze, ngokuqinisekileyo Uya
kusikhupha;
Sithabathe umthwalo wethu siwuse kwiNkosi
kwaye siwushiye phaya.

²¹² Kanye entliziyo yakho, khumbula uKristu uMsindisi, khumbula Wafa ngenxa yokho. Kwaye ukuba uya kufa kuwe, oko kuyakuqongqotha umzimba wakho, kuqongqothe umphefumlo wakho, kuqongqothe intliziyo yakho kuyo yonke into yeli hlabathi nazo zonke iziyolo zalo, ngoko uKristu. . . uyakuvuka kunye naYe.

²¹³ Ukuba ubungekabaptizelwa eGameni likaYesu Kristu, kukho iqula elizele ngamanzi apha. Kwaye, xana uphakama uphuma kula manzi, uvuka ukuze uhambe noKristu ebomini obutsha. Ufile ngoko, awusekho. . . umsindo nayo yonke into ihambile. Usidalwa esitsha kuKristu. Ngoko Uyakuphakamisa ngoMoya oyiNgcwele kwaye akuhlalise kwezaseMazulwini iindawo kunye naYe, kude ngaphezulu kwawo onke amagunya eli hlabathi.

²¹⁴ Kungakhathaliseki nokuba incinane kangakanani na, ukuba ungumfazi omncinane ohlambayo, ukuba ungu—ukuba ungumzalwana nje ongenabo abakhe. . . obaziyo oo-ABC bakhe, akwenzi mahluko ukuba ungubani na. UkuKristu, uloyiso phezu kwazo zonke izinto. Kwaye igunya lakho lingaphezu kwayo yonke idemoni nawo onke amandla umtyholi anawo. UkuKristu, uloyiso.

Ngelithuba iintloko zenu zithotywe:

²¹⁵ Ndiyazi ukuba kukho umzalwana owehlileyo weza apha kusakanje, UMzalwana uSlink (ndiyakholwa bambize “USink, uJim Sink”), lowo endikholwa ukuba ngu. . . Kwaye umzalwana wethu apha uqatshelwe ukuba ungumfundisi weli Lizwi. Ingaba akunjalo oko, Mzalwana uSink? Simelwe kukumbeka izandla ngale ntsasa nje ngaphambi kokuba sithandazele abagulayo, ukummisela ubulungiseleli (omnye wabazalwana bethu) ukuba apume aye emabandleni ukuya kushumayela iVangeli.

216 UMzalwana uJim Sink, ubunganyuka uze apha esiguqweni? Yiza, Mzalwana uNeville. Mzalwana uJunie Jackson, ingaba ulapha? Nabani na kwabanye babalungiseleli bolu Kholo?

217 UMzalwana uJim Sink apha uyakholwa kule Vangeli siyishumayelayo, uNyana kaThixo, ukukholwa ukuba ngokwenene UnguNyana kaThixo ozelwe yintombi enyulu. Ingaba kunjalo oko, Mzalwana uSink? [UMzalwana uJim Sink uthi, “Amen.”—Mhl.] Uyakholwa ukuba Wafa wabuya wavuka ngomhla wesithathu, woyisa phezu kwezinto zonke, kwaye ehleli ngasekunene kukaThixo, esazulwini samandla kaThixo eNyangweni, ohlala ephilela ukusithethelela thina? [“Amen.”] Uyakholwa kubhaptizo lwamanzi eGameni likaYesu Kristu ukuze kuxolelwe izono? [“Amen.”] Uyakholwa kubhaptizo loMoya oyiNgcwele kanye njengokuba uThixo eya kuLunika, ngemiqondiso nezimanga zokulandela ikholwa? [“Amen.”] Uyakhukholwa oko. Kwaye ndiyakholwa ukuba wayenobomi obungenakusoleka phambi kwabantu. Ushumayela apha enkonzweni, rhoqo esenzela bona apha, kwaye ndifumanise ukuba, “indoda emangalisayo kaThixo.”

218 Ngoku, kweli bandla, ingaba likho naliphi ilizwi apha, nayiphi na indoda enelizwi elichaseneyo noMzalwana uSink? Yitsho ngoku okanye uthi cwaka ngonaphakade. Bangaphi abakukholwayo oko ngokushunyayelwa kwalo Myalezo kunye neli Lizwi ukuba uMzalwana uSink... kwaye niyakukholwa oko ngobungqina boMoya oyiNgcwele, ukuba uMzalwana uSink ufanele ukumiselwa aze athunyelwe esuka kweli bandla apha njengomlungiseleli weVangeli, ukuvakalisa le Miyalezo njengoko ishunyayelweyo ngalentsasa, naphi na apho aya khona ehlabathini iNkosi iya kumthuma khona? Phakamisani izandla zenu nithi, “Ndizakube ndikuthandazela, Mzalwana uSink.” UThixo akusikelele.

Masithobiseni iintloko zethu.

219 Mzalwana uNeville, ukuba uyakubeka izandla zakho phezu koMzalwana uSink ngelithuba ubeka isandla sakho phezu kweBhayibhile.

220 Bawo wethu oseZulwini, sizisa kuWe, ngale ntsasa, indoda leyo yenyulwayo yaphuma ekonakaleni kweli hlabathi, uzibale njengofileyo kuye waza wamamkela uKristu njengoMsindisi, wabhaptizelwa eGameni likaYesu Kristu, wavuswa ngedinga lokwamkela uMoya oyiNgcwele, kwaye ngoku kwezaseMazulwini iindawo, kwaye uva ubizo ebomini bakhe ukuya kulungiselelo.

221 Owu Thixo, njengamadoda amakhulu weli bandla, njengentlangano nabaveleli jikelele na njalo njalo, ukukhangela umhlambi lowo uMoya oyiNgcwele asenze ukuba thina siwukhathalele, umhlambi uphakamise izandla zawo abo baziyo ukuba uMzalwana uSink, “ukuba uyindoda elilungisa,”

ke ngoko sibeka izandla zethu phezu kwakhe, njengoMzalwana uNeville kunye nam, njengabadala Bakho, kwaye ngale nto sithandaza umthandazo wokholo kwaye simisela uMzalwana uJim Sink kulungiselelo lukaYesu Kristu. Siphe oko. Wanga angazaliswa ngamandla kaThixo. Wanga angangaze enzelele. Wanga angazuzela imiphefumlo kuWe.

²²² Kwaye, Thixo, siyathembisa ngokunyaniseka kwethu nobuzalwana kuye, ukuba simxhase naphi na apho akhoyo, emthandazweni, nakuncedo, nangayiphi na indlela esinganako ngayo. Mamkele, Owu Thixo, njengoko simzisa kuWe. EGameni likaYesu Kristu, uNyana kaThixo. Amen. Amen.

²²³ Ngezandla zakho phezu kweLizwi, kwaye phaya uMzalwana wam uSink, Ndiyakumisela wena mzalwana kuKristu nobudlelwane bethu, eGameni likaYesu Kristu. Amen. UThixo akusikelele. Kulungile konke. Kwaye lathi ibandla, "Amen." [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] UThixo akusikelele. Kuninzi ekufuneka kwenziwe eVangelini, kudingeka kakubi, sisemva kwakho ikhulu leepesenti ngayo yonke into leyo sinokuyenza ukunceda. UThixo akusikelele.

²²⁴ Ingaba Akumangalisi ukuba ngu...Owu, bethu! Ndiyathanda ukubona amadoda...Kuhle oko. Unguye, njengokuba ndiqonda ngoku, uthabatha ubuveleli boMnquba wobuNgewele e-Utica, e-Indiana, apho ahlala khona akukude naphaya.

²²⁵ Ngoku, makhe sibone. Owu, sinabo abo bazalwana? Owu, ndiyakholwa ukuba sinabo abagulayo ukuba sibathandazele okwangoku, asinjalo? Kulungile oko, baye be...nikhuphe amakhadi omthandazo athile? Kulungile oko, masibizeni amakhadi ambalwa omthandazo kanye ngokukhawuleza, wonke umntu makahlale nje ezolile okomzuzwana. Sisemva kwexesha ngenene. Ningandinika imizuzu elishumi? Konke kulungile. Amakhadi omthandazo, vumelani abantu abano mthandazo...Uwanike ukususela phi, inye?

²²⁶ Konke kulungile, ikhadi lomthandazo inani lokuqala, ungeza na, inani lesibini, inani lesithathu, inani lesine, inani lesihlanu. Ikhadi lomthandazo inani lokuqala, isibini, isithathu, isine, isihlanu, yimani kanye ngapha, nje ngokukhawuleza kangangoko ninganako ngoku, ukuba unako ukuphakama. Ukuba awunako, ke, sazise, siza kuza sikufunqale. Siza kuzama ukufumana abaninzi kangangoko singanako. Nye, mbini—mbini, ntathu, ne, ntlanu, ntandathu, sixhenxe, sibhozo, silitoba, shumi; sithandathu, sixhenxe, sibhozo, thoba, ishumi; kwaye babini kuphela abaphakanyisiweyo kuloo nto. Ishumi, ishumi elinanye, ishumi elinesibini, ishumi elinesithathu, ishumi elinesine, ishumi elinesihlanu. (Huh?) Bonke, onke amakhadi omthandazo, shenxela ngapha kwelinye *eli* icala, yiza kweli cala ngapha, kweli cala ukuba uyathanda.

227 Owu, Akamangalisi na? Ngoku, wonke umntu makahloniphe kangangoko anako, malunga nemizuzu elishumi ngoku, malunga nje nemizuzu elishumi. Ngoku, abo banamakhadi omthandazo, senze isibhengezo sokuba “Abantu abafuna ukuthandazelwa, beza namakhadi abo omthandazo,” kwaye ukuze singabi... Yabona, baqhubeka bebuya, kwaye bazame ukusebenzisa izipho zikaThixo njenge Ouija ibhodi yokuvumisa, kodwa asi—asikholwa ekwenzeni oko.

228 Thina—thina sikholwa ekuvumeleni uThixo enze uMsebenzi Wakhe. Niyakukholwa oko? Bangaphi abakholwayo lo Myalezo ngale ntsasa uyiNyaniso? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Enkosi. Enkosi. UThixo anisikelele. NdiyaLikholwa ngentliziyo yam yonke, ngomphefumlo, nangengqondo.

229 Ngoku, kukhangeleka kungathi sinamashumi amahlanu abantu apha abazakuthandazelwa, into elolo hlobo. Ngoku, phulaphulani. Ngoku, ngamnye kuni nikuKristu. NikuKristu Yesu, uloyiso kuzo zonke izigulo. Nonke nina nikumgca wokuthandazela, ningamaKristu, amakholwa azelwe ngokutsha, phakamisani izandla zenu. Isikhundla senu ngoko sikuKristu. Sele kakade noyisile, kwaye inye kuphela into emaniyenze ngoku kukwamkela kwaye nikholwe oko uThixo akuthethileyo ukuba kuyiNyaniso.

230 Andikhange ndikwazi ukuthabatha laa mgca ukuze ndicalule, kuyakuba kakhulu ukwenza, kusithabathe ixesha elide kakhulu. Bekungayi kuba kum, ndiyakholwa ukuba ndingahlala apha imini iphela, ndiziva kamnandi. Ndiziva nje kamnandi. Ndiyazi ukuba oko Yinyani. Mayibongwe iNkosi! Kodwa *ngoku* sikuKristu, *ngoku* sihleli ngokwendawo zethu kuKristu. Amen! Owu, bethu! Ingaba ezi zinto ndizifundisileyo ziyiNyaniso? Ukuba kunjalo, ngoko Uyakuzivelisa ngoKwakhe. Kunjalo oko.

231 Bangaphi kuni bantu bakumgca wokuthandazela abangabasemzini kum? Ndayabazi abaninzi benu, kodwa abanye benu bangabasemzini. Phakamisa isandla sakho, waziyo ukuba andazi nto iphosakeleyo ngawe, phakamisa isandla sakho; kumgca wonke, uh-huh, kulungile oko. Ingaba UnguKristu? Uyakukholwa Oko? Umelwe kukuba ube nokholo, kumelwe uYikholwe. Ukuba awuYikholwa, ngoko aYinakusebenza. Kumelwe usazi isikhundla sakho, kumelwe uyazi indawo yakho. Ingaba oko kunjalo, Mzalwana uWest? Kulungile oko. Sazi isikhundla sakho, uKristu wathembisa “Izinto eNdizenzayo mna niya kuzenza nani.” UyaLikholwa ngentliziyo yakho yonke.

232 Laa ndoda imi phaya emva inento engalunganga ngenyonga yayo. UyaYikholwa ngentliziyo yakho yonke. Awunako ukungena kumgca wokuthandazela, kodwa ungabuyela umva uhlale phantsi, iyakumka. Kwaye ayingomhlaza. Buyela umva uhlale phantsi, kuphelile konke. Andizange ndayibona indoda

ebomini bam. Ukuba singabasemzini, mzalwana, phakamisa isandla sakho. Ukuba singabasemzini...Yintoni ingxaki, uphilile!

Kwesi siguqo silapha, niyakholwa?

²³³ Kuthini malunga nawe? Singabasemzini, andikwazi. UThixo uyakwazi. Uyakholwa ukuba ndingumkhonzi Wakhe? Uyawukholwa lo Myalezo ndiwushumayelayo? Ukuba ndithe kuwe ingxaki yakho yomqolo iyakukushiya? UyaYikholwa ngentliziyo yakho yonke? Mnu. Burkhart, ubuyela e-Ohio, uphilisiwe. UYesu Kristu uyakuphilisa.

²³⁴ Awuzanga apha ngenxa yakho, ulapha ngenxa yomntu othile. Ngumfazi. Kwaye ungowase-Ohio, naye, kunjalo, igama ngu-Alice McVan. Kunjalo oko. Uye waba notyando. Kunjalo oko. Inkathazo yesisu kunye nenkathazo yobufazi kunye nokuphakuzela. Ingaba oko kunjalo? Kholwa nje kwaye uyakuphila. Qhubeka kwaye uYikholwe ngentliziyo yakho yonke. Yikholwe ngaYo yonke intliziyo yakho, uyakuyifumana.

²³⁵ Wenza njani? Andikwazi, singabasemzini. Ingaba kunjalo oko? Uyakholwa ukuba ndingumkhonzi Wakhe? Uyakholwa ukuba soyisile kuKristu? Ukuba uyakholwa, ngokuphakuzela kwakho nangeengxaki zakho nezinto onazo, ngoko, Nkosk. Allen, ungasibuyela ekhayeni lakho kwaye uphilisiwe.

²³⁶ Ndiyakholwa ukuba singabasemzini, asinjalo? Andizange ndikubone ngaphambili. Eli lixsha lokuqala esakha sahlangu ngalo, singabasemzini omnye komnye. Ingaba uyakholwa ukuba ndingumprofeti Wakhe? Uyakholwa yiloo nto? Uhlutshwa yingxaki yezintso. Kunjalo oko, akunjalo? Awungowalapha, usuka ezantsi eMzantsi. Uthandazela abantwana bakho abangasindiswanga. Ngumyeni wakho lowo emva emvakwakho. Unendoda entliziyweni yakhe ngale ntsasa, umhlobo amthandazelayo. Yithi, ndibona umntu, ungu—ungumhlobo kamama notata wam. Indoda yenyukela apha ibiziwe L. C. okanye S. T., okanye into elolo hlobo, S. T. okanye enye into, lowo—lowo ngunyana wakho. [UMzalwana uNeville uthi, “J. T.”—Mhl.] J. T. . . Nantso ke, S. T. Hayi, asingo J. T., ndiyazi. Yindoda encinane, enentloko emnyama, ndiyibonile imi kanye apha ngaphambili kule ndawo ikuyo ngoku. Buyela ekhaya, usifumene isicelo sakho. Hamba qhubeka ubuyele ekhaya.

²³⁷ Ingaba laa ndoda ilapha ngale ntsasa, indoda evela ezantsi eGeorgia? Ehe. T. S. Ehe. Andizange ndimbone utata wakho nomama wakho ebomini bam, kwaye uyazi ukuba leyo yinyani, kodwa ndikubonile uvela, kanye apha phambi kwabo kanye ngoko. Ndiyendazi ukuba bekuyiyo. Usifumene isicelo sakho, musa ukuthandabuza.

²³⁸ Niyakholwa nonke, ngentliziyo yenu yonke? Ngoku, bangaphi? Elowo kuni nonke nikuKristu. Uthi, “Ingaba leyo yiVangeli?” Yiloo nto kanye uYesu Kristu wayenzayo. Yiloo

nto kanye abapostile bayenzayo. Yiloo nto kanye u-Irenaeus nabanye babo bayenzayo. Yiloo nto ngqo.

Uyayikholwa loo Nto? Ngoko thoba intloko yakho.

²³⁹ Yiza apha, mdala. Baninzi kakhulu abantu ekumele bahambe kuwo wonke lo mgca ngolo hlobo. Siye sachola ababini okanye abathathu phantsi phaya. Yehla uze kanye apha. Lo Mzalwana uNeville wam yindoda yakwaThixo. Ndiyayikholwa loo nto.

²⁴⁰ Sizakudlula kulo mgca apha sithandazele aba bantu, sibeke izandla phezu kwabo. Nonke niyakholwa ukuba niyakuphila, ngamnye wenu? Wonke umntu olapha uyakuYikholwa? Ke thoba intloko yakho ngoku, sikwiBandla eloyisayo.

²⁴¹ Nkosi Yesu, ndiyamazi lo mzalwana, naso isizathu sokuba ndingakhange ndithethe nto kuye malunga naloo nto. Ndiyayazi into ayifunayo. Ndiyathandaza ukuba Uyakumphilisa, Nkosi, kwaye umnike isicelo sakhe. EGameni likaYesu Kristu.

²⁴² Bawo oseZulwini, ngezandla zibekwe phezu kwalo mzalwana mncinane, ngale ntsasa, sicela eGameni likaYesu ukuhlangulwa kwakhe. Amen.

²⁴³ Owu, ungu . . .

Bawo oseZulwini, nika uDade wethu uDauch apha, udade othandekayo, obengumhlobo wenene kuthi apha, kusapho lwam nakwabo sibathandayo. Siyakholwa ukuba yena nomyeni wakhe bangabantwana Bakho. Ndiyathandaza, Thixo, ukuba Umnike isicelo sakhe ngale ntsasa. NgeGama likaYesu Kristu. Amen.

²⁴⁴ UThixo, eGameni likaYesu, sikelela uDade wethu uBruce. Siyazi, Nkosi, ukuba usisicaka Sakho. Siyathandaza ukuba Umnike—sicelo sakhe. NgeGama likaYesu Kristu. Amen.

²⁴⁵ Owu Bawo oseZulwini, siyaqaphela ukuba—ukuba Nguwe wedwa onokuphilisa uDade uBlankco, siyathandaza ukuba Umsikelele kwaye unike esi sicelo kuye, Nkosi. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

²⁴⁶ Bawo oseZulwini, phezu kodade wethu sibeka izandla zethu eGameni likaYesu Kristu, sicela intlangulo yakhe ngenxa yozuko Lwakho. Amen.

²⁴⁷ “Lemiqondiso iyaku landelana nabo bakholwayo,” kwaye sibeka izandla zethu phezu kwalo dade oyakuphila. EGameni likaYesu, siphe oko, Nkosi. Ngelithuba lo uphakuzelayo, ungancangazelayo umzimba, umi apha, Nkosi, phantsi kwempembelelo yoMoya oyiNgewe, kwaye udiniwe, kodwa UnguThixo. Philisa lo mfazi uselula, ndiyathandaza, eGameni likaYesu.

²⁴⁸ Thixo Somandla onke, nika kumzalwana wethu isicelo sakhe. Siphe oko, Bawo. Sibeka izandla phezu kwakhe kwaye sigweba utshaba, olo lungamtyhefa umphefumlo wakhe,

okanye lubeke u—uphawu olumnyama phambi kwakhe. Wanga angavuka ngoloyiso phezu koko kusakanje, Nkosi, aze aqaphele isikhundla sakhe kuKristu Yesu. Kwaye ngoko uyakuba nakho oko akucelayo, eGameni likaYesu.

²⁴⁹ Bawo wethu oseZulwini, ngezandla zibekiwe phezu komzalwana wethu, eGameni likaYesu Kristu, mnike isicelo sakhe. Amen.

²⁵⁰ Le ntombazana incinane ithandekayo, Bawo, eGameni likaYesu yanga iNkosi ingaba nenceba, ngenxa yoZuko lukaThixo sicelela ukuhlangukwa kwakhe.

²⁵¹ Thixo, siyasazi isikhalo sentliziyi yalomama nesikhalo sentombi yakhe. Thixo, mphe kukholo lwakhe ngale ntsasa, uze emva koko ulusebenzise kanye ngoku, usazi ukuba unamandla phezu kwalo. Kwaye iyakwenziwa, eGameni likaYesu Kristu.

²⁵² Thixo, philisa le nkwenkwe incinane, siyathandaza eGameni likaYesu Kristu.

²⁵³ Thixo, Bawo wethu, sibeka izandla phezu kodade wethu kwaye sicela ngale ntsasa Umnike isicelo sakhe. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

²⁵⁴ Bawo wethu oseZulwini, njengokuba eli nenekazi lincinane lisiza ukuthabatha indawo yalo ukuze liphiliswe, sibeka izandla phezu kwalo kwaye sicela impiliso yalo. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

²⁵⁵ Phezu kwalo mntwana mncinane uthandekayo sibeka izandla zethu, eGameni likaYesu Kristu, sicela impiliso.

²⁵⁶ NgeGama likaYesu Kristu, izandla ziphezu kodade wethu, wanga Ungamphilisa ngoku.

²⁵⁷ Bawo wethu, OseZulwini, malingcwaliswe iGama Lakho, phezu kwale nkwenkwe sibeka izandla zethu. EGameni likaYesu Kristu, wanga angaLikhholwa. Amen.

²⁵⁸ Bawo oseZulwini, phezu komzalwana wethu oligorha apha, Nkosi, umkhonzi Wakho, indoda yakwaThixo, sibeka izandla phezu kwakhe ukuze isicelo sakhe sibe nokufezekiswa. EGameni likaYesu Kristu wanga angathabatha isikhundla sakhe ngoku. Ngoku, nanku unyana kaThixo, kwixesha elizukileyo apho sonke siphelelayo.

²⁵⁹ Bawo oseZulwini, phezu kodade wethu omncinane ophuma kubo bonke ubumnyama ukuze ahambe ekuKhanyeni, siphe, Nkosi, ukuba umphefumlo wakhe omncinane okhaliphileyo uphakanyiselwe phezulu ngale ntsasa, ukuya kwisimo somoya saseZulwini. Kwaye umnike—isicelo sakhe, eGameni likaYesu. Amen.

²⁶⁰ Bawo oseZulwini, phezu komzalwana wethu apha sibeke izandla eGameni leNkosi uYesu, sicela esi sicelo asinikwe. EGameni leNkosi uYesu Kristu. Amen.

261 Bawo wethu oseZulwini, sibeka izandla phezu kosana lukaDade wethu, kwaye sicela ukuba isicelo sakhe asinikwe yena, Bawo, njengokuba sibeka izandla zethu phezu kwakhe eGameni likaYesu Kristu.

262 Bawo wethu oseZulwini, sibeka izandla phezu kodade wethu, eGameni likaYesu Kristu. Yanga isicelo sakhe angasinikwa, eGameni likaYesu. Amen.

263 Bawo wethu oseZulwini, njengokuba udade wethu edlula kulo mgca kwaye avumele...sibeka izandla zethu phezu kwakhe, wanga uKristu kaThixo angasondela ngoku ayigwebe loo ngxaki aze amphilise. Amen.

264 Bawo oseZulwini, phezu komzalwana wethu, sibeka izandla phezu kwakhe kwaye sikucela oko eGameni likaYesu Kristu, ukuba Uyakumphilisa eGameni likaYesu. Amen.

265 Bawo oseZulwini, phezu kwale ntombazana sibeka izandla zethu, kwaye sicela iNkosi yethu ethandekayo. EGameni likaYesu Kristu, sicelela impiliso yakhe. Amen.

266 Nkosi yethu ethandekayo, sibeka izandla phezu komzalwana wethu, eGameni loNyana kaThixo, uYesu Kristu, Lowo singaphezu kwabeyisi ngaYe. Kwaye siyakucela ukuba Umnike umzalwana wethu isicelo sakhe, eGameni likaYesu. Amen.

267 Bawo wethu, phezu komkhonzazana womzalwana wethu, eli joni lincinane loMnqamlezo, Ndiyathandaza, Thixo, ukuba uMoya Wakho uze phezu kwakhe kwaye umnike isicelo sakhe. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

268 Bawo wethu oseZulwini, phezu kweli joni elikhaliphileyo loMnqamlezo, umele iLizwi Lakho kuma—kumaxesha okugxekwa na njalo njalo, kwaye nangoko wema ngakwiLizwi, wahamba ngaphezu kowoyisayo ekuKristu Yesu. Mnike isicelo sakhe, Bawo. Ndithandaza umthandazo wam kwaye ndimnike ukusuka kwintsikelelo Yakho, Nkosi, ukuba uYakumphilisa kwaye umnike isicelo sakhe. EGameni likaYesu. Amen.

269 Bawo oseZulwini, olu sana alunakuphila ngaphandle kukaThixo, kodwa uThixo unokuluphilisa. Ndebeka izandla phezu kwalo kwaye ndigwebe utshaba, eGameni likaYesu Kristu. Msikelele umntwana, kwaye wanga Ungamnceda ukuba aphumelele eGameni likaYesu Kristu. Amen. Ngaphezu kwabeyisi.

270 Bawo oseZulwini, kudade wethu, lowo sibeka izandla phezu kwakhe eGameni likaYesu Kristu, uMnquba woloyiso kaThixo wenziwa inyama wahlala phakathi kwethu. Wanga ngeGama Lakhe, iGama elilungileyo laloo Nyana kaThixo, uYesu Kristu, anganika udade wethu isicelo sakhe. Amen.

271 Dade wethu Kidd, sikelela intliziyo yakho. Bawo wethu oseZulwini, njengokuba ndibambe le ndoda endala kunye nomfazi ezandleni zethu apha, owashumayela iVangeli xana

ndiseyinkwenkwe encinane nje, kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo elele esifa ngumhlaza; ndingxamise ukuya kufika kuye, kwaye amandla kaThixo atshayela ehlela phezu kwendoda eminyaka imashumi asibhozo ubudala, ayiphilisa, bade oogqirha bathi cwaka ngendlela engummangaliso, bengakuqondi oko. Ndiyathandaza ukuba Uyakumnika isicelo sakhe ngale ntsasa. Umfazi wakhe omncinane osikelelekileyo, Nkosi, owahlamba eplangeni ukuthumela umyeni wakhe kulungiselelo ukushumayela le-le Vangeli Yophayo kaYesu Kristu. Siphe oko, Nkosi.

272 Sikelela unyana wabo, uJunior, Nkosi. Siyathandaza ukuba Umphilise kwaye umgcine omelele, Nkosi. Uyinkxaso yabo ukubathwala ukusuka kwindawo ukuya kwindawo, ukubeka iitshefu. Nangona bebadala kangangokuba abanakuphinda baphume baye entsimini kwakhona, kodwa basuka esibhedlele ukuya emakhaya, bebeka iitshefu phezu kwabagulayo. Thixo, uyakuyihlonipha loo nto, ndiyazi ukuba Uyakuyenza. Basikelele kwaye ubanike amandla ezinye iintsuku ezininzi, Bawo. NgeGama likaYesu Kristu. Amen.

273 Usikeleleke. Iyakwenziwa, Mzalwana uKidd, iyakwenziwa. [UMzalwana noDade uKidd bathetha noMzalwana uBranham—Mhl.] Makabongwe uThixo. Amen. Ewe, lowo besimthandazela ngomnxeba.

274 Indoda nomfazi beminyaka engamashumi asibhozo ubudala, nokwedlula, abanakuphuma baye emasimini baze beme epulpitini, mdala kakhulu ngeli xesha ukuba ashumaye ngolo hlobo, kodwa nangoko usathumela ezantsi apha kwaye afumane iipakethe zeziziba zomthandazo kwaye uzithumele kwabagulayo nabaxhwalekileyo, azise ezibhedlele nayo yonke into ngolo hlobo. Ukuzibeka phezu kwa . . . Abanakuze baphinde baphume beze baxhase ubulungiseleli ngalo ndlela, kodwa baqhubela phambili kangangoko banako. Ifanele isenze thina bantu baselula sizive sineentloni ngeziqu zethu. Kunjalo oko, ukwenzela uKristu into ethile.

275 Khumbula, le ndoda indala apha, uMzalwana uKidd, wayeshumayela iVangeli ngaphambi kokuba ndizalwe. Kunjalo oko, phandle phaya ethandazela abagulayo, ijoni elidala elikhaliphileyo. Kwaye apha, mdala, umdala kanganani, Mzalwana uKidd? Uneminyaka engamashumi asibhozo ananye ubudala, nangoko usahamba ngenxa yobuKumkani bukaThixo! Mdala kakhulu ukuba angema kwipulpiti kwaye abambe umyalezo ngolo hlobo, kodwa uya kuya esibhedlele, kumacala ebhedi, apho afumane inkwenkwe leyo iyakumqhuba imjikelezise ekuhlaleni ngenqwelo mafutha. Kwaye abanako ukuhamba, ke bayamqhuba ngenqwelo mafutha kwaye babathabathele indawo, kwaye abo babini, isibini esidala, bangena phaya kwaye babeke itshefu.

²⁷⁶ Babenesithandwa esasiphantse safa ngenye imini, intombazana, babendixelela nje malunga nayo. Sabathandazela, umzukulwana, saya kwaye sabeka . . . Umntwana uvukile ngoku. Makabongwe uThixo!

²⁷⁷ UMzalwana uKidd, banditsalela umnxeba apha kwixesha elidlulileyo, malunga neminyaka emibini eyadlulayo, ndiyaqikelela, bekuyiyo, ukuba waye nomhlaza wedlala lengqula, malunga namashumi asixhenxe anesibhozo eminyaka ubudala, okanye amashumi asibhozo, asondele kumashumi asibhozo eminyaka ubudala, enomhlaza kwidlala lengqula. Ugqirha wavele wayibeka emva, yayingekho into enokwenziwa. Sakhawuleza, uBilly kunye nam satshintshana ngokuqhuba, ukuya kufika phezulu phaya apho wayekhona. Kwaye uMoya oyiNgcwele wasixelela ukuba sihambe ngaloo ntsasa. Ngokwesiqhelo asikwenzi oko ngaphandle kokuba sikhokelwa ukuba sikwenze oko. Kwaye uMoya oyiNgcwele wathi, “Hambani,” kwaye sasuka saya phaya kwaye sabeka izandla phezu komfo omdala, ukuba simthandazele. Kwaye oogqirha abafumani mkhondo kuyo naphi na. Uzuko kuThixo! Owu! Ngokuba? Isikhundla sethu sikuKristu Yesu, wenyuka wangaphezu kwazo zonke izifo nawo onke amandla otshaba.

²⁷⁸ Owu, awuvuyi ngenxa Yakhe?

Kukho abantu phantse kuyo yonke indawo,
Abantliziyo zabo zonke zingamadangatye
Ngalo Mlilo lowo wehlayo ngePentekoste,
Lowo wabacocayo wabenza bacoceka;
Owu, Uyavutha ngoku entliziyweni yam,
Owu, malizukiswe iGama Lakhe!
Ndivuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo.

Ndingomnye wabo, omnye wabo,
Ndivuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo;
Omnye wabo, omnye wabo,
Ndivuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo.

Nangona aba bantu besenokungafundi ukuba
babe,
Okanye ukuqhayisa ngodumo lwehlabathi,
Bonke bayamkele iPentekoste yabo,
baBhaptizelwe eGameni likaYesu;
Kwaye baxela ngoku, kokubini kude
nobubanzi,
Amandla akhe nangoku asafana,
Ndivuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo.

279 Bangaphi abangabanye babo? Phakamisani izandla zenu ngoku.

. . . wabo, omnye wabo,
Ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo;

Owu, omnye wabo, omnye wabo,
Ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo.

Ngoku yiza, mzalwana wam, funa le ntsikelelo
Leyo iyakuhlambulula intliziyo yakho
ukusuka esonweni,
Oko kuya kuqalisa ukukhala kweentsimbi
zovuyo

Kwaye iya kuwugcina umphefumlo wakho
uvutha;

Owu, ivutha ngoku entliziyweni yam,
Uzuko kwiGama Lakhe,
Ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo.

Ndingomnye wabo, omnye wabo,
Ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo; (Haleluya!)

Omnye wabo, omnye wabo,
Ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo.

Babehlanganisene kwigumbi eliphezulu,
Bonke bethandaza eGameni Lakhe,
Babhaptizwe ngoMoya oyiNgewele,
Ngoko kwafika amandla olungiselelo;
Ngoku into Awabenzela yona ngaloo mhla
Uya kwenza okufanayo nakuwe,
Kwaye ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo.

Ndingomnye wabo, omnye wabo,
Ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo; (Haleluya!)

Omnye wabo, omnye wabo,
Owu, ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo.

280 Ngoku ngelithuba siyingqumshela, masixhawule nje izandla omnye nomnye. Yithi:

Omnye wabo, omnye wabo,
Ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo; (Haleluya!)

Omnye wabo, omnye wabo,
Ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi
ndingomnye wabo.

281 Awunjalo wena? Yithini, “Amen!” [Ibandla lithi, “Amen!”—Mhl.]

Ndingomnye wabo, omnye wabo,
 Ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi
 ndingomnye wabo;
 Omnye wabo, omnye wabo,
 Ndivuya kakhulu ukuba ndinokuthi
 ndingomnye wabo.

282 Ingaba ndingawucula lo mqolo mnye kwakhona?

Nangona aba bantu besenokungafundi ukuba
 babe, (Abanayo nayiphi enkulu iD.D., iPh.D.,
 uyabona, akukho zinto zinkulu kakhulu,
 uyabona.)

Aba bantu basenokungafundi ukuba babe,
 Bangaqhayisi ngodumo lwehlabathi,
 (Umbutho othile omkhulu.)

Bonke bayamkela iPentekoste yabo,
 Bonke ngabanye babhaptizelwa eGameni
 likaYesu;

Kwaye baxela ngoku kokubini kude
 nobubanzi,

Amandla akhe nangoku ayafana,
 Ndivuya kakhulu ukuba ndinokuthi
 ndingomnye wabo.

Omnye wabo, omnye wabo,
 Ndiyavuya kakhulu ukuba ndinokuthi
 ndingomnye wabo;

Ndingomnye wabo, omnye wabo,
 Ndivuya kakhulu ukuba ndinokuthi
 ndingomnye wabo.

Owu, kungekhona kuzo zonke izigidi zegolide
 zomhlaba

Bendinokushiya le ndawo ixabisekileyo,
 Nangona umhendi...endicenga kaninzi uye
 wazama,

Kodwa ndikhuselekile kwinkundla kaThixo,
 Ndonwabile eluthandweni Lwakhe nobabalo,
 Kwaye ndiphila kwicala likaHaleluya!

283 Owu, bethu! Ndivuya kakhulu yiloo nto. Aninjalo nina? Awukuvuyeli ukuba ngomnye wabo? Nje omnye wabo, omnye wabo bantu bathobekileyo abo nje baziqongqothayo, beza behla (kungekhona phambi kwesithixo), phambi koThixo ophilileyo, (kungekhona phambi kombutho kwaye ulibhale igama lakho encwadini), phambi koThixo ophilileyo, (kungekhona ukucengeleza umgaqo), kodwa ukuvumela iLizwi libe yinyama kuwe. Yabona, yiyo leyo. Kwaye wazithoba, waza ngoko ngako oko Wakuphakamisela ngaphezulu, (ungabi

sosityhuthutyhuthu, uthiwe lwale likratshi, uthi “ndiyile, leya okanye enye”), kodwa ngokuthobeka, ubumyoli, kwaye “Ulusindise njani usizana olunjengam, kwaye Wakwenza njani oko?” Yiloo ndlela aziva ngayo umKristu wokwenene. Ingaba awukukholwa na oko? Owu, Uyinene kangakanani!

Inene, inene, Uyinene kakhulu kum!
 Owu, inene, inene, Uyinene kakhulu kum!
 Nangona abanye abantu beMthandabuza,
 andinakuphila ngaphandle Kwakhe,
 Yiyo loo nto ndiMthanda, kwaye Uyinene
 kakhulu kum!

Inene, Uyinene kakhulu kum!

Yicule!

Inene, inene, Uyinene kakhulu kum!
 Nangona abanye abantu beMthandabuza,
 kodwa andinakuphila ngaphandle Kwakhe,
 Yiyo loo nto ndiMthanda, kwaye Uyinene
 kakhulu kum!

²⁸⁴ Owu, ndiyayivuyela kakhulu loo nto! Ewe, mhlekazi. Owu, ndivuya kakhulu ngale ndlela enkulu yakudala yeVangeli, ukuphila kule ndlela indala yeVangeli.

²⁸⁵ Ngoku, zihlobo, side sihlangani kwiTrone kaKristu kwakhona, xana nithandaza, ndikhumbuleni. Kwaye uThixo anisikelele nonke ngabanye. Ndi...Andinako ukuthi ndiyaxolisa ngokunigcina apha.

²⁸⁶ Ngoku, kuni abo banetshefu zibekiweyo apha, ndiye nje ndabeka izandla phezu kwazo ngelithuba besithandazela abagulayo, ukuba nithe nandiqaphela ekuyenzi kwam kanye njengoko uMoya ubethayo. Andizange ndiye kwiimibono emininzi kakhulu, ngokuba ndibuthathaka, ndidiniwe, uyazi, bendibelapha malunga neeyure ezimbini okanye ezintathu ngoku, ndishumayela, kwaye ndiqalise nje ukufumana embalwa emgeni ukuze nibone ukuba uThixo unguThixo. Yabona? Into engenakwenzeka, indida, leyo yezinto ezingenakuphandeka... Umtyholi...

²⁸⁷ Ngoku, khumbulani, ngamnye kuni unamandla kuKristu. Awunawo amandla, une *gunya*, igunya lakho. Uphakanyisiwe nje, kude ngaphezulu; hayi ukuba uziphakamisele phezulu, kodwa usuke uKristu wakuphakamisela phezulu. Ngakumbi uKristu ekuphakamisa, kokukhona ufuna ukuba phantsi, yabona, uyakuziva uthobeka ngolona hlobo. Ke Walusindisa njani usizana olunjengam, Wakwenza njani oko? Kodwa Ukwenzile oko, kwaye ke ndinombulelo ngako oko. Amen! Kulungile kakhulu!

EGameni likaYesu siyathoba,
 Sisiwa siqubuda ezinyaweni Zakhe,

UKumkani wookumkani eZulwini
 siYakumthwesa isithsaba,
 Xana uhambo lwethu lugqityiwe.

IGama eliXabisekileyo, (iGama
 eliXabisekileyo!) Owu limnandi
 kangakanani!

Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu;
 IGama elixabisekileyo, (Owu, Gama
 elixabisekileyo! Akamangalisi na?)
 Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

²⁸⁸ Ngoku, phulaphula, ungakulibali oku, ucula ikhorasi, mandikhe ndicule umqolo kulo. Yabona? Andazi ukuba ndinganako ukucinga ngomqolo endifuna ukucula ngawo, yinto elandelayo.

EGameni likaYesu siyathoba,
 Sisiwa siqubuda ezinyaweni Zakhe,
 UKumkani nookumkani eZulwini
 siYakumthwesa isithsaba,
 Xana uhambo lwethu lugqityiwe. (Yabona?)

Thabatha iGama likaYesu kunye nawe,
 NjengeKhaka kuyo yonke imigibe;
 Xana izilingo zikungqongile kunye,
 Phefumla nje elo Gama liNgcwele
 emthandazweni.

Kuphelele apho. Phakamisa eso sandla kwaye uphulaphule iziqhoboshi zibamba! Yabona? Yabona?

Phefumla elaa Gama liNgcwele
 emthandazweni.

IGama elixabisekileyo, Owu limnandi
 kangakanani!

Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu;
 Gama elixabisekileyo, (Owu, Gama
 elixabisekileyo!) Owu limnandi
 kangakanani!

Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

²⁸⁹ Masikutsho oko kwakhona, sonke kunye. Yintoni oyitshoyo? Masithabatheni nje laa mqolo kwakhona, malunga, “Thabatha iGama likaYesu kunye nawe, njengeKhaka kuyo yonke imigibe.” Masilicule ngoku sivale amehlo ethu.

Thabatha iGama likaYesu kunye nawe,
 NjengeKhaka ukusuka kuyo yonke imigibe;
 (Ngoku phulaphula. Wenza ntoni?)

Xana izilingo zikungqongile kunye, (Kufuneka wenze ntoni?)

Phefumla elaa Gama liNgcwele
 emthandazweni.

Gama elixabisekileyo, (Gama elixabisekileyo!)
 (Owu limnandi kangakanani!)
 Ithemba lomhlaba kunye . . .

[UMzalwana uNeville uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.] (Andinayo. Hayi, ndisi—ndisisitshotho kancinane, ndinesitshotho kancinane, ke andisayi kuthi...?...Ufuna ukundulula...?...Hayi, kulungile oko, qhubela kanye phambili, kuhle oko.)

Ithemba lomhlaba kunye . . .

Mzalwana uNeville, umalusi wenu, ngoku. 🐦

61-1217 UbuKristu Buchasene Nonqulo Zithixo
e-Branham Tabernacle
e-Jeffersonville, e-Indiana U.S.A.

XHOSA

©2024 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangeli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

www.branham.org